60	Use litterbins	Gebruik vullisdromme	Sebenzisa imigqomo yenkunkuma
61	Bin free area. Do not litter	Dromlose gebied. Rommelstrooiery verbode	Ummandla wemigqomo. Musa ukulahla phantsi inkunkuma
62	Education facilities	Opvoedingsfasiliteite	Amaziko emfundo
63	Overnight education facilities	Oornag-opvoedingsfasiliteite	Amaziko emfundo asebusuku
64	Accommodation	Verblyf	Indawo yokuhlala
65	Permit needed	Permit benodig	Imvume iyafuneka
66	Beware of snakes	Pasop vir slange	Lumkela iinyoka
67	Kite surfing	Vlieërski	Ukubhajiswa kweekayiti
68	No kite surfing	Vlieërski verbode	Akubhajiswa iikayiti
69	No mooring of vessels	Vasmeer van vaartuie verbode	Akuvumelekanga ukubotshelwa kweenqanawa
70	Gift shop	Geskenkwinkel	Ivenkile yezipho
71	Cannon	Kanon	Inkanunu
72	Safety gloves	Veiligheidshandskoene	Igloves zokuzikhusela
73	Wheelchair access	Rolstoeltoegang	Indawo yokungena abakhubazekileyo
74	Parking	Parkering	Ipaki
75	Visitors parking	Besoekersparkering	Ipaki yendwendwe
76	No parking	Parkering verbode	Akupakwa
77	Information	Inligting	Iinkcukacha
78	Speed limit	Spoedbeperking	Isantya somgaqo
79	No access	Geen toegang nie	Akungenwa
80	No vehicles	Voertuie verbode	Azivumelekanga izithuthi
81	No off-road vehicles	Veldvoertuie verbode	Azivumelekanga izithuthi ezinkulu (off-road vehicles)
82	No mountain bikes	Bergfietse verbode	Azivumelekanga iibhayisekile ezihamba ezintabeni
83	No driving on sand dunes	Bestuur op sandduine verbode	Akuqhutywa kwiingqumba zesanti
84	Canoeing allowed	Kanovaart toegelaat	Kuvumelekile ukuhamba ngephenyane
85	No canoeing	Kanovaart verbode	Akuvumelekanga ukuhamba ngephenyane
86	Jet skis prohibited	Waterponies verbode	Azivumelekanga izithuthuthu zokudlala emanzini
87	No water skiing	Waterski verbode	Akuvumelekanga ukutyibiliza emanzini
88	No defecating	Ontlasting verbode	Akuvumelekanga ukuzithuma

89	Nature garden	Natuurtuin	Igadi yotyani
90	Unique flora and fauna	Unieke flora en fauna	Izityalo kunye nezilwanyana ezizodwa
91	Swimming allowed	Swem toegelaat	Kuvumelekile ukuqubha
92	Swimming is dangerous	Gevaarlike swemgebied	Kuyingozi ukuqubha
93	No swimming	Swem verbode	Akuqujwa
94	Windsurfing	Seilplankry	Ukusefa
95	Water skiing	Waterski	Umdlalo wokutyibiliza emanzini
96	Boat launch	Boot-tewaterlating	Ukuphehlelelwa kwezikhephe
97	Motor boating	Motorbootry	Ukuqhuba isikhephe
98	Sailing	Seiljagry	Ukuhamba ngenqanawa
99	No sailing	Seiljagry verbode	Akuhanjwa ngenqanawa
100	Natural pool	Natuurpoel	Ipuli eyenziwe ngendalo yokusingqongileyo
101	Boma	Boma	Ibhoma
102	Power boats allowed	Kragbote toegelaat	Izikhephe ezinesantya esiphezulu zivumelekile
103	No power boats	Kragbote verbode	Azivumelekanga izikhephe ezinesantya esiphezulu
104	Electric boats allowed	Elektriese bote toegelaat	Zivumelekile izikhephe zombane
105	No electric boats	Elektriese bote verbode	Azivumelekanga izikhephe zombane
106	Water bottle	Waterbottel	Ibhotile yamanzi
107	Sun hat	Sonhoed	Isigqoko selanga
108	Tortoises	Skilpaaie	Ufudo
109	Do not pick flora	Moenie flora pluk nie	Musa ukuzithatha izityalo
110	Useful plants	Nuttige plante	Izityalo ezibalulekileyo
111	Unique vegetation	Unieke plantegroei	Izityalo ezahlukileyo
112	Nature appreciation	Natuurwaardering	Ukuxabisa indalo
113	Do not damage fauna or flora	Moenie fauna of flora beskadig nie	Musa ukuzimoshisa izilwanyana okanye izityalo
114	General fauna	Algemene fauna	Izilwanyana ezizintlobo zonke
115	Bird viewing	Voëlkyk	Ukubukela iintaka
116	Bird hide	Voëlskuiling	Indlwana yokubukela iintaka
117	Do not feed the animals	Moenie diere voer nie	Musa ukutyisa izilwanyana
118	Photos allowed	Foto's toegelaat	Ifoto zivumelekile
119	Discovery trail	Ontdekkingsroete	Ukufunyanwa komkhondo
120	Whale watching	Walviskyk	Ukubukela umnenga
121	Horse riding	Perdry	Ukukhwela ihashe
122	Camping	Kampering	Ukumisa inkampu
123	4x4	4x4	4x4
124	Cellphone	Selfoon	Iselula

**UMthetho
kaMasipala
woLondolozo
lweNdalo weSixeko
saseKapa, 2020**

Ukunika igunya lolawulo, lokusebenzisa, lemisebenzi kunye nokungena kwiindawo zolondolozo lwendalo kummandla weSixeko saseKapa; ukuhlangana namaqela azisebenzisayo kunye namaqela anomdla ngendlela emiselweyo, ukubonelela ngendawo ekhuselekileyo nelungele ukuhlaziya indalo, kunye nokubonelela ngemibandela enxulumene noko.

IMBULAMBETHE

NJENGOKUBA iSixeko singugunyaziwe wolawulo omiselweyo, owathi wachongwa nguMphathiswa, kulondolozo lwendalo owabhengezwa ngokwecandelo 23 loMthetho iNational Environmental Management: Protected Areas Act, 2003 (Act uMthetho onguNomb. 57 wango-2003).

NJENGOKUBA icandelo 156(2) no-(5) loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika limisela ukuba uMasipala unakho ukuqulunqa nokulawula imithetho kamasipala kulungiselelwa ulawulo lwemicimbi enelungelo lokuyilawula; kunye nokusebenzisa nawaphi na amagunya olawulo afanelekileyo, okanye anxulumene, nokwenza ngokukuko imisebenzi yakhe;

NANJENGOKUBA iCandelo B leShedyuli 5 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika, 1996 lidwelisa izibonelelo izakheko zolonwabo kunye neepaki zikamasipala nolonwabo njengemicimbi yorhulumente wemimandla echazwe kwicandelo 155 (6) (a) no-155 (7);

NJENGOKUBA iSixeko saseKapa sinoxanduva ngokoMgaqosiseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika, 1996 nangokoMthetho weSizwe ongoLawulo lokuSingqongileyo: iMimandla yeNdalo eKhuselekielyo, 2003 (uMthetho onguNomb. 57 wango-2003) lokuphatha, kunye nokulawula ukusetyenziswa, kwemizi yolondolozo lwendalo kummandla wolawulo weSixeko saseKapa apho iSixeko singugunyaziwe wolawulo omiselweyo.

MAWUPHUNYEZWE NGOKU liBhunga leSixeko saseKapa, ngolu hlobo lulandelayo:-

ISAHLUKO 1	5
imimiselo EYIntshayelelo	5
1. linkcazelo:	5
2. Ukusetyenziswa kwalo Mthetho kaMasipala	10
ISAHLUKO 2	11
AMAGUNYA KUNYE NOXANDUVA LWESIXEKO	11
3. Imisebenzi	11
4. Urhwebo, uluntu nezinto ezenziwa ngabatyeleli	12
5. Amagosa okhuseleko	13
6. Izaziso:	14
7. Iindawo zolonwabo ezingaphakathi kwiNdawo yoLondolozo lweNdawo	15
ISAHLUKO 3	15
UKUSETYENZISWA KWEMITHOMBO yezinto eziphilayo (izityalo nezilwanyana) KWIINDAWO ZOLONDOLOZO LWENDALO	15
8. Ukusetyenziswa kwemithombo yezinto eziphilayo	15
9. Ukusetyenziswa kwemithombo yendalo ejoliswe kuluntu	16
10. Ugunyaziso lokusetyenziswa kwemithombo yezinto eziphilayo	16
ISAHLUKO 4	17
UKUNGENA KWIINDAWO ZOLONDOLOZO LWENDALO	17
11. Ukungena kwabantu abasebenzisa imithombo yezinto eziphilayo kwindawo yolondolozo lwendalo	17
12. Ukwamkelwa	18
13. Ukungena kunye nokuhlala kwindawo yolondolozo lwendalo	19
14. Iindawo zokungena nokuphuma	19
15. Isiqinisekiso sokungena	20
16. Ukungena ngokukhuselekileyo	21
17. Ukuhlala ubusuku	21
18. Amaxesha okungena nawokuhamba	21
ISAHLUKO 5	22
IMISEBENZI ENESITHINTELO	22
19. Imisebenzi apho ingathi ibenempembelelo engalunganga kulondolozo lwendalo	22
20. Imisebenzi ethile ebalulweyo	24
21. Uphando nokubek'iliso	25
22. Ukungenelela kumhlaba okanye kumhlaba apho kuphila indalo	25
23. Uphando ngezilwanyana nezityalo	26

24. Izakhiwo nophuculo	26
25. Iidreyini zesiFrentshi, imigxunyana kawonke yokuzithuma kwiindawo zokukhempisha nezinye izixokelelwane ezinikezela ngogutyulo	27
26. Iindawo zokuchithela iholide, iikharavan paki, iindawo zokukhempisha okanye zepikniki	28
27. Umhlaba nendawo yasemoyeni	28
28. Imimandla enamanzi	28
29. Ukususa nokulahla kwimimandla yamanzi	29
30. Izilwanyana zasekhaya nemfuyo kwiindawo zolondolozo lwendalo	29
31. Imipu nezixhobo ezinobungozi	30
32. Imisebenzi engezorhwebo	30
33. Izithintelo ngokuphangaleleyo	30
ISAHLUKO 6	31
IMISEBENZI/IZINTO EZINGAVUMELEKANGA	31
34. Okungavumelekanga okujoliswe kwizithuthi	31
35. Ukulahla nongcoliso	32
36. Ungcoliseko lwamanzi	33
37. Okungavumelekanga gabalala	33
ISAHLUKO 7	35
IMIRHUMO NAMAXABISO (IIRHAFU)	35
38. Imirhumo namaxabiso	35
ISAHLUKO 8	36
UKUTHOTYELWA NOKUNYANZELISWA KOMTHETHO	36
39. Amagosa agunyazisiweyo	36
40. Amagunya nemisebenzi yamagosa agunyazisiweyo	36
41. Isaziso sokuthobela umthetho	39
42. Ukuthinjwa kwamaphenyane, izithuthi, izinto okanye iimpahla	41
ISAHLUKO 9	42
IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO NEZOHLWAYO	42
43. Izenzo zolwaphulo-mthetho	42
44. Izohlwayo	43
45. Izibheni	44
46. Ugunyaziso	45
47. Imbuyekezo	45
48. Itayitile emfutshane nokuqalisa kokusebenza	45

ISAHLUKO 1

IMIMISELO EYINTSHAYELELO

1. Iinkcazelo:

Kulo Mthetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into -

“ inqwelomoya” ithetha nantoni na eqhutywa okanye ebhajiswa, kwindawo okanye ngaphezu kwendawo yolondolozo lwendalo, ngokupheleleyo okanye inxalenye yayo kusetyenziswa ubuxhakaxhaka boomatshini okanye amandla ombane, ukuze ikwazi ukubhabha emoyeni phezu kwendawo yolondolozo lwendalo.

“isilwanyana” sithetha nantoni na ephilayo apho imvelaphi yayo iphuma kubukumkani BWEZILWANYANA.

“igosa eligunyazisiweyo” lithetha umsebenzi weSixeko onoxanduva lokwenza nawuphi na umsebenzi okanye lokusebenzisa naliphi igunya ngokwemiqathango yalo Mthetho kaMasipala yaye libandakanya nawuphi na umsebenzi ogunyaziswe ukuba enze umsebenzi othile okanye asebenzise igunya.

“uMthetho” uthetha iNational Environmental Management: Protected Areas Act, 2003 (uMthetho onguNomb. 57 wango-2003).

“umthombo wezinto eziphilayo” uthetha nawuphi na umthombo:

- (a) onesilwanyana esiphilayo okanye esifileyo, isityalo okanye olunye uhlobo lwesidalwa;
- (b) inxalenye yeso silwanyana, isityalo okanye enye into ephilayo, echazwe kwicandelo 1 loMthetho weBhayodayivesithi okanye
- (c) nayiphi into yemvelo yeso silwanyana, isityalo okanye enye into ephilayo, echazwe kwicandelo 1 loMthetho weBhayodayivesithi ,

“uphando ngezilwanyana nezityalo” lunenkcazelo olunikwe yona kwicandelo 1 lweBiodiversity Act;

“ISixeko” sithetha Sixeko saseKapa, umasipala omiselwe ngokweSaziso sePhondo seSixeko saseKapa, esinguNomb 479 sangomhla wama-22 kuSeptemba 2000, esikhutshwe ngokoMthetho wobuRhulumente boMmandla ongezakheko zikaMasipala, 1998 (uMthetho ongunombolo 117 ka-1998, okanye nasiphi isigqeba okanye umsebenzi weSixeko owenza umsebenzi ngokokugunyaziswa ngumasipala;

“umgaqo wokuziphatha” uthetha uluhlu olubhaliweyo lwemigaqo ethile yokusetyenziswa kwendawo yolondolozo lwendalo ngabantu engaphikisani nalo Mthetho;

“isilwanyana sasekhaya” sithetha naliphi ihashe, iponi, imeyile, idonki, iinkomo, ihagu, igusha, ibhokhwe, inkamela, isirhubuluzi,inja, ikati, umvundla kunye nayo nayiphi imfuyo engenye, isilwanyana singaqhelekanga okanye ipethi;

“isicwangciso solawulo” sibhekiselele kwisicwangciso esiyiliweyo saze sangeniswa kuMphathiswa wePhondo ngokuthobela icandelo 39(2) loMthetho.

“inqwelomoya yokudlala” ibhekiselele kuyo nayiphi inqwelomoya encinane engakwaziyo okanye engenzelwanga ukuhambisa abantu, elawulwa ngerimowuthi yaye ibandakanya iithoyi zokudlala ezenza umdumo;

“indawo yolondolozo lwendalo” ibhekiselele kummandla obhengeziweyo, okhuselweyo okanye opapashiweyo kuyo nayiphi igazethi karhulumente okanye eyephondo ngokwemiqathango yawo nawuphi umthetho ngeenjongo zokulondolozisa indalo kwiSixeko, yaye elawulwa siSixeko okanye ngugunyaziwe wolawulo omiselweyo apho kukho isivumelwano sentsebenziswano esisebenzayo;

“ummandla wendalo” uthetha nawuphi ummandla obekelwe bucala, ongabhengezwanga, yaye olawulwa njengommandla wendalo ngeenjongo zokulondolozisa indalo siSixeko okanye umnini-mhlaba apho kukho isivumelwano sentsebenziswano esisebenzayo.

“NEMA” ithetha iNational Environmental Management Act, 1998 (uMthetho 107 ka-1998).

“isaziso” sibandakanya isaziso okanye isithintelo esibhaliweyo, esimiselwe siSixeko, esibonakala ngokubhalwa, esingadityaniswa nemifanekiso, okanye ibhodi yesaziso esimiswe kwisango okanye kufutshane nesango lokungena okanye ukuphuma kwindawo yolondolozo lwendalo;

“inkathazo” ithetha nasiphi na isenzo, ukushiya okanye imeko ekhubekisayo, eyonzakalisayo okanye enobungozi okanye iyingozi, iyingozi empilweni, okanye ethi iphazamisane nezinto eziqhelekileyo, ukhuseleko, ukuba lula, uxolo okanye ukuthula kwakhe nabani osebenzisa indawo yolondolozo lwendalo okanye izakheko zoncendo ezinxulumene noko;

“imimandla yokungena evulelekileyo” ithetha inxalenye yendawo yolondolozo lwendalo ekungenwa kwaye kunqunyulwe kuyo, apho indawo yokungena kwinxalenye yendawo yolondolozo lwendalo ingenasithintelo okanye ingalawulwa lisango lokungena okanye iheke;

“amaxasha okusebenza” abhekiselele kwixesha eliphakathi yaye elibandakanya ixesha lokuvula kunye nelokuvala lwendawo yolondolozo lwendalo elichazwe kwibhodi yesaziso;

“ubusuku” buthetha ukubakho kwaye kubandakanya ukukhempisha kwimimandla emiselweyo yendawo yolondolozo lwendalo phakathi kokutshona nokuphuma kwelanga;

“ukususa” kubandakanya ukusika, ukunqunqa, ukuthatha, ukuqokelela, ukukhupha, ukuncothula, ukwaphula, ukonakalisa okanye ukutshabalalisa;

“iKomiti yeeNgcebiso ngeMimandla yezeNdalo eKhuselekileyo” (“PAAC”) ibhekiselele kwikomiti emiselwe ngokweMigaqo yoLawulo olululo lweeNdawo zoLondolozo lweNdalo (iGazethi kaRhulumente enguNomb 35021, GNR.99 yangowe-8 kweyoMdumba 2012) equlunqwe ngokwemiqathango yoMthetho.

“ummandla wezolonwabo” uthetha nayiphi indawo ebekelwe bucala ngokwesicwangciso solawulo ukulungiselela ukusetyenziselwa imiba gabalala okanye ezolonwabo luluntu ngaphakathi kwindawo yolondolozo lwendalo;

“amanzi olonwabo” athetha nawaphi amanzi asemhlabeni, ichibi, umlambo, umjelo, umgxobhozo, intlambo, idami, ichweba okanye inxalenye yoko, aphantsi kolawulo lweSixeko, yaye abandakanya imida okanye udonga lwaloo mimandla , apho kuphuma khona amanzi ngokwamaza, ngamathuba athile okanye ngokwamaxesha onyaka, ekwaphantsi kolawulo lweSixeko;

“Inkqubo yokuhutywa kwenqwelomoya ngerimowuthi” (RPAS) ithetha inqwelomoya engenamntu eqhutywa kwisikhululo esisebenzisa irimowuthi yaye ibandakanya iRPAS ebizwa ngokuba ziidroni.

“Igosha lokhuseleko” lithetha umntu ongaqeshwanga siSixeko, otyunjiweyo waze wachongwa ngokwemiqathango yecandelo 5 ukuba enze imisebenzi ethile ngokuzithandela;

“uhlobo lwesidalwa” luthetha uhlobo lwesilwanyana, isityalo okanye esinye isidalwa esingazalisani nezinye zolunye uhlobo, yaye lubandakanya izidalwa ezincinci, isityalo esixubeneyo, uhlobo oluthile lwendawo ethile, isityalo esenziweyo, esintlobombini okanye senye indawo;

“isampulu ethathwe kwisidalwa” lithetha—

- (a) nasiphi isilwanyana isityalo okanye esinye isidalwa esiphilayo okanye esifileyo;
- (b) imbewu, iqanda, ucontsulo okanye inxalenye yesilwanyana, isityalo okanye esinye isidalwa esinokuphinda sintshule okanye sivelise okanye sidlulisele iimpawu zendalo;
- (c) naliphi ilungu lesinye isilwanyana, isityalo okanye esinye isidalwa; okanye

114 IPhondo leNtshona Koloni: ISongezelelo kwiGazethi yePhondo 8094 7 uCanzibe 2019

(d) naziphi izinto—

- (i) ezinelungu lesinye isilwanyana, isityalo okanye esinye isidalwa; okanye
- (ii) kwixwebhu elikhaphayo, kwipakethi, okanye kuphawu, okanye nasiphi esinye isalathisi, kubonakala kukho ilungu lesinye isilwanyana, isityalo okanye esinye isidalwa;

“isakheko samanzi esitshi” sithetha zozibini izakheko ezakhiweyo nezendalo, kubandakanya imibhobho, iidreyini, imijelo yamanzi kunye nemijelo yamanzi ezikhukula ehambelana nazo, nokuba ngaphezulu okanye ngaphantsi komhlaba ophantsi kolawulo lukarhulumente okanye lwabucala osetyenziselwa okanye ofunekayo kulawulo, ukuqokelela, ukuhambisa, ukugcinwa okwethutyana, ukuphatha, ukubeka iliso, ukucocwa, ukusetyenziswa kunye nokulahlwa kwamanzi esitshi;

“isithuthi” sithetha ayiphi into echazwa njengesithuthi ngokwemiqathango yeNationala Road Traffic Act, 1996 (uMthetho onguNomb 93 ka-1996), okanye nayiphi na into yokuhambisa izinto eyilelwe okanye eyakhiwe kwasekuqaleni ukuba ihambe ngamavili okanye kwimizila.

“inqanawa” ithetha isikhephe esinesantya esiphezulu, isikhephe sombane, isikhephe, isikhephe esilawulwa ngamandla omoya, ibhodi yokutyibiliza, ibhodi yokutyibiliza usebenzisa ikhayithi nalo naliphi na iphenyane okanye isikhephe esihamba ngamaphini, kubandakanya nasiphi na isixhobo ekungamiwa kuso, kuhlalwe kuso okanye kuhlalwe ngaphakathi, nokuba ziqhutywa ngenjini, ngombane okanye ngesandla;

“ummandla wamanzi” uthetha amanzi kunye nomphezulu okanye umgangatho walo naliphi ichibi lamanzi, umthombo wendalo, umlambo okanye umjelo, idami, isitsala-manzi, okanye umgxobhozo okanye nayiphi indawo eyinxalenye yawo, elibekwe kwindawo yolondolozo lwendalo, yaye kubandakanya amanzi nomhlaba ophakathi kongqameko olusezantsi noluphezulu apho umthamo wamanzi welo chibi, umthombo wendalo, umlambo okanye umjelo, idami, isitsala-manzi, okanye

umgxobhozo okanye nayiphi indawo eyinxalenye yawo unokuhla okanye unyuke nangaliphi ixesha;

“isigunyaziso esibhaliweyo” sithetha isigunyaziso esibhaliweyo ekhutshwe ligosa eligunyazisiweyo leSixeko ngokwalo Mthetho kaMasipala, yaye sibandakanya nayiphi na imvume ekhutshwe ngokweCandelo 15 (1) okanye ikhadi lokuzazisa elikhutshwe ngokweCandelo 5 (5).

2. Ukusetyenziswa kwalo Mthetho kaMasipala

Lo Mthetho kaMasipala usebenza kuwo nawuphi ummandla ---

- a) obhengezwe okanye omiselwe njengommandla okhuselekileyo ngokwemiqathango yoMthetho;
- b) olawulwa njengommandla wendalo onesivumelwano esingapheliyo nomnini-mhlaba yaye obhalise iitayitile zobunini, okanye
- c) ongumhlaba ofunyenwe siSixeko ngeenjongo zemibandela egxile kulondolozo lwendalo yaye ezo njongo zamkelwa ngesigqibo seBhunga.

ISAPHLUKO 2

AMAGUNYA KUNYE NOXANDUVA LWESIXEKO

3. Imisebenzi

ISixeko sinakho kulawulo lwendawo yolondolozo lwendalo -

(1) ukulawula iinkqubo zokufuya nokulima, kwaye sinakho ukugcina imimandla ethile kwindawo yolondolozo lwendalo njengeendawo zokuzalela kunye neendawo zokugcina izityalo;

(2) ukuthengisa, ukutshintshiselana okanye ukunikela ngaso nasiphi isilwanyana, isityalo okanye enye into ephilayo ekhula kwindawo yolondolozo lwendalo, okanye ukuthengisa, ukutshintshiselana okanye kungenjalo ukufumana naziphi iintlobo zemveli zezityalo okanye izilwanyana esinokuthi sizibone zinqweneleka ukuba ziphinde zifakwe kwindawo ethile yolondolozo lwendalo;

(3) ukwenza nokukhuthaza uphando;

(4) ukulawula, ukususa okanye ukutshabalalisa naziphi na iintlobo zezidalwa iisampuli ezithathwe kwiintlobo zezidalwa esizibona zingafuneki ukuba zikhuselwe okanye zigcinwe kwindawo yolondolozo lwendalo okanye ezinokuthi zibe nefuthe elibi kwiintlobo zezilwanyana nezityalo ezikwindawo yolondolozo lwendalo;

(5) ukwenza naluphi uphuhliso kunye nokwakha okanye ukumisa nasiphi na isiseko esingundoqo esifunekayo kulawulo lwendawo yolondolozo lwendalo, ngokuxhomekeke kugunyaziso lokusingqongileyo ngokweCandelo 24 loMthetho weSizwe ongoLawulo lokuSingqongileyo, 1998 (uMthetho onguNomb 107 ka-1998), imithetho kamasipala esebenzayo kunye nescwangciso solawulo;

(6) ukuvumela iindwendwe kwindawo yolondolozo lwendalo;

(7) ukuthatha amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukhuseleko nempilo yabatyeleli nabasebenzi;

(8) ukubonelela ngeendawo zokuhlala kunye neendawo zeendwendwe kunye nabasebenzi, kubandakanya ukubonelela ngokutya kunye nezinto zasendlini;

(9) ukuqhuba naluphi ushishino okanye urhwebo okanye ukubonelela ngezinye iinkonzo ukulungiselela iindwendwe nabasebenzi, kubandakanya ukuthengisa utywala ngokuxhomekeke kwimithetho esebenzayo;

(10) ukugunyazisa nawuphi umntu, ngokuxhomekeke kwimiqathango eyakuthi iyimisele, ukuba —

(i) aqhube naliphi ishishini okanye urhwebo, okanye abonelele ngayo nayiphi inkonzo, enokuqhutywa inikezelwe ngabasemagunyeni olawulo ngokweli candelo; yaye

(ii) abonelele ngeenkono ezisisiseko zeshishini, urhwebo okanye inkonzo leyo;

(11) ngesivumelwano –

(i) namanye amaSebe eSixeko, ukubonelela ngayo nayiphi inkonzo kwindawo yolondolozo lwendalo ukulungiselela ulawulo lwendawo yolondolozo lwendalo, enokuthi igunyaziswe iSixeko ngokwemiqathango yomthetho; okanye

(ii) nalo naliphi elinye icandelo likarhulumente, ukwenza umsitho kwindawo yolondolozo lwendalo apho elo candelo likarhulumente liyakuthi liwenze ngokwemiqathango yomthetho; okanye

(12) ukukhupha iZaziso ngokwecandelo 6.

4. Urhwebo, uluntu nezinto ezenziwa ngabatyeleli

(1) ISixeko sinakho, ngokwesicwangciso solawulo, ukubekela bucala inxalenye yendawo yolondolozo lwendalo, njengommandla apho kungenzelwa khona izinto ezithile ngabatyeleli bendawo yolondolozo lwendalo, uluntu kunye namaqela anomdla, kwaye kufuneka sibeke isaziso kwisango elingena kwindawo yolondolozo lwendalo apho kuchazwa khona ngalo mmandla: Ngokuxhomekeke ekubeni ezo zinto aziphazamisani neenjongo ezo eyathi yasekelwa zona indawo yolondolozo lwendalo.

(2) ISixeko sinakho, ngokwesicwangciso solawulo, ukubekela bucala inxalenye yendawo yolondolozo lwendalo, njengommandla apho kungenzelwa khona umsebenzi worhwebo ngumrwebi ogunyazisiweyo, kwaye kufuneka sibeke isaziso kwisango elingena kwindawo yolondolozo lwendalo apho kuchazwa khona ngalo msebenzi worhwebo nakwindawo ekuqhutyelwa kuyo umsebenzi worhwebo;

(3) ISixeko sinakho, ngokubonisana namaqela e-PAAC, abasebenzisi okanye amaqela anomdla kunye nalawo achaphazelekayo ukuqulunqa imigaqo yokuziphatha kwizinto ezithile ezigunyazisiweyo kwindawo yolondolozo lwendalo.

5. Amagosa okhuseleko

(1) Nawuphi na umbutho owaziwayo, iklabhu okanye iqumrhu labameli elinomdla kuyo nayiphi indawo yolondolozo lwendalo unakho ukutyumba abantu kwiKomiti yeeNgcebiso ngeMimandla yezeNdalo eKhuselekileyo okanye kumphathi wendawo yolondolozo, ukuze bathathelwe ingqalelo njengamagosa okhuseleko.

(2) IKomiti yeeNgcebiso ngeMimandla yezeNdalo eKhuselekileyo linakho ukutyumba amagosa okhuseleko kwiSixeko ukulungiselela indawo yolondolozo lwendalo

(3) ISixeko sinakho ukuchonga amagosa okhuseleko kwindawo yolondolozo lwendalo kwaye siqulunqe ngokubhala phantsi naziphi izinto eziyimfuneko, imigaqo, imiqathango okanye izithintelo kulo naluphi na olo chongo.

(4) ISixeko kufuneka sazise iKomiti yeeNgcebiso ngeMimandla yezeNdalo eKhuselekileyo ngawo onke amagosa okhuseleko aye achongwa.

(5) ISixeko kufuneka sikhuphele naliphi na igosa eliyelachongwa ngokufanelekileyo isigunyaziso esibhaliweyo nekhadi lesazisi.

(6) Igosa lokhuselo kufuneka xa lisenza naluphi na uxanduva ngokuphathelene nalo mthetho kamasipala libenalo kulo ikhadi lesazisi okanye isigunyazo esibhaliweyo.

(7) Igosa lokhuselo linakho ukukhupha imiyalelo ngomlomo okanye ebhaliweyo kubatyeleli ngokuphathelene nokuthobela lo mthetho kamasipala ngokwemiqathango yesigunyaziso sawo esibhaliweyo.

(8) Igosa lokhuselo linakho ukungenisa izindululo ezibhaliweyo kubalawuli abasemagunyeni ngokuphathelene nokuthotyelwa kwalo mthetho ngamaqela asebenzisa indawo yolondolozo lwendalo nabatyeleli ukuze kuthathwe amanye amanyathelo kwaye kunyanzelise umthetho.

(9) ISixeko sinakho, ngokwesindululo seKomiti yeeNgcebiso ngeMimandla yezeNdalo eKhuselekileyo efanelekileyo okanye ngokuthanda kwaso, ukurhoxisa ukuchongwa kwalo naliphi na igosa lokhuselo.

6. Izaziso:

(1) Ngokuphathelene nendawo yolondolozo lwendalo, iSixeko sinakho kumaxesha ngamaxesha nangokuthi sibeke iSaziso kwisango lokungena okanye kwiindawo ezifanelekileyo kwindawo yolondolozo lwendalo—

- (a) ukubekela bucala nawuphi na umhlaba okanye ummandla onamanzi;
- (b) ukumisela nawuphi na umhlaba okanye ummandla onamanzi njendawo yolonwabo;
- (c) ukumisela nawuphi na umhlaba okanye ummandla onamanzi ngeenjongo zeminye imibandlela engeyiyo eyolonwabo;
- (d) ukungavumeli okanye ukuthintela ukusetyenziswa kunye ukungena kwakhe nawuphi na umntu, isithuthi, inqanawa, isilwanyana sasekhaya, uhlobo olunye lwezilwanyana nezityalo okanye isampulu yohlobo olunye lwezilwanyana nezityalo kuwo nawuphi na umhlaba okanye ummandla onamanzi okanye inxalenye yawo; okanye
- (e) ukumisela amaxesha kunye nemiqathango ngokuxhomekeke kuyo nayiphi na imidlalo okanye izinto ezingezinye ezinokwenziwa kuloo mhlaba okanye kummandla onamanzi

(2) ISaziso sinakho ukunyanzelisa imiqathango ephathelene nokuthatha inxaxheba okanye ukwenza nayiphi na into kwindawo yolondolozo lwendalo kwaye iSixeko sinakho ukutshintsha okanye sirhoxise iSaziso ngalo naliphi ixesha ngokubeka iSaziso esilandelayo.

(3) ISixeko sinakho ukumisela iisimboli okanye imifanekiso ekufuneka isetyenzisiwe kwiibhodi zezaziso zoluntu kwaye eziimboli ziya kuba nentsingiselo echaziweyo kuluhlu oluphunyeziweyo lwemifanekiso eqhotyoshelwe njengesihlomelo A.

(4) ISixeko sinakho ukumisa iibhodi zezaziso zoluntu ngaphakathi okanye kufutshane nendawo yolondolozo lwendalo ngeenjongo zokwazisa amaqela anomdla nachaphazelekayo ngezinto ezivumelekileyo nezingavumelekanga ngokwalo Mthetho kaMasipala.

(5) Ukongeza, iSixeko sinakho -

- (a) ukupapasha okanye ukubhengeza isaziso ngendlela enika umdla kubantu ezakwenza abantu abanomdla nabachaphazelekayo basithathele ingqalelo;
- (b) ukuhambisa iikopi zesaziso kubantu abangabanini bemihlaba okanye abahlala kumhlaba okummandla wendawo yolondolozo lwendalo echaphazelekayo; okanye
- (c) ukusebenzisa iintlanganiso zoluntu, iintlanganiso zekomiti yeengcebiso ngemimandla yezendalo ekhuselekileyo okanye ezinye iindlela zokuzisa ulwazi kubantu abanomdla nabachaphazelekayo.

7. Iindawo zolonwabo ezingaphakathi kwiNdawo yoLondolozo lweNdawo

- (1) ISixeko sinakho, ngaphakathi kwindawo yolonwabo, ukubeka nasiphi na isaziso esifunekayo phantsi kwalo mthetho kamasipala.
- (2) Ngokuphathelene neendawo zolonwabo, iSixeko sinakho ubeka isaziso esicacileyo kwindawo yokungena kwindawo yolonwabo esichaza -
 - (a) amaxesha okuvula nawokuvala endawo leyo yolonwabo; kunye
 - (b) nemigaqo eyenziwe ngabasemagunyeni olawulo ephathelene nalo ndawo yolonwabo.

ISAHLUKO 3

UKUSETYENZISWA KWEMITHOMBO YEZINTO EZIPHILAYO (IZITYALO NEZILWANYANA) KWIINDAWO ZOLONDOLOZO LWENDALO

8. Ukusetyenziswa kwemithombo yezinto eziphilayo

ISixeko sinakho, ngesicelo nangokwemimiselo yesicwangciso solawulo, ngokuthi sinike isigunyaziso esibhaliweyo engenakudluliswa komnye umntu okanye kungenwe kwisivumelwano esibhaliweyo, phantsi kwemiqathango ebonakala iyimfuneko, ukunika nabani na ilungelo kusebenzisa ngokufanelekileyo nangokubekw' iliso imithombo yezendalo kwindawo yolondolozo lwendalo.

9. Ukusetyenziswa kwemithombo yendalo ejoliswe kuluntu

ISixeko sinakho, ngesicelo nangokwemimiselo yesicwangciso solawulo, ngokuthi sinike isigunyaziso esibhaliweyo engenakudluliswa komnye umntu okanye kungenwe kwisivumelwano esibhaliweyo, phantsi kwemiqathango ebonakala iyimfuneko, ukunika nabani na ilungelo kusebenzisa ngokufanelekileyo nangokubekw' iliso kwezibonelelo zemvelo ezimiselweyo kwindawo yolondolozo lwendalo.

10. Ugunyaziso lokusetyenziswa kwemithombo yezinto eziphilayo

(1) Isigunyaziso esibhaliweyo okanye isivumelwano esibhaliweyo njengoko kuchaziwe kwicandelo 8 okanye 9, kufuneka —

- a) singakhabani neenjongo ezasekelwa iindawo yolondolozo lwendalo;
- b) sichaze umhlaba okanye ummandla onamanzi apho kuvumelekileyo ukusetyenziswa kwemithombo yezinto eziphilayo;
- c) sibonise ixesha elinikwe ilungelo elikhankanywe kumacandelo 8 no-9; kwaye
- d) simisele imiqathango yokusetyenziswa kwemithombo yezinto eziphilayo.

(2) ISixeko kufuneka simisele umhlaba okanye ummandla onamanzi okhankanywe kwicandelwana (1)(b) ngolo hlobo lubonwa lufanelekile.

(3) Ugunyaziso olunikezwe ngokwamacandelo 8 okanye 9 malungaphazamisani nokusetyenziswa kwalo naluphi na ugunyaziso olunikwe omnye umntu ngokubhekiselele kummandla okhankanywe kwicandelwana (1) (b).

(4) Ugunyaziso olunikezwe ngokwamacandelo 8 okanye 9 kufuneka lubandakanye ixesha lesaziso elimiselweyo lokurhoxiswa kwelungelo okanye ukulungiswa kwemiqathango evumela ilungelo.

(5) ISixeko sinakho ukurhoxisa ugunyaziso olunikezwe ngokwamacandelo 8 okanye 9 ngokubhekiselele kummandla okanye kwinxalenye yawo, ukuba loo mmandla okanye inxalenye yawo ufunelwa imibandela yolondolozo lwendalo okanye imibandela ephunyezwe siSixeko.

(6) ISixeko sinakho ukurhoxisa ugunyaziso olunikezwe ngokwamacandelo 8 okanye 9 ukuba imiqathango ebekwe siSixeko ayithotyelwa ngumntu ochaphazelekayo okanye uluntu lwengingqi, okanye ukuba umthombo okanye naliphi na elinye icandelo lolondolozo lwendalo liphantsi komngcipheko.

(7) Igosa eligunyazisiweyo lingayalela umnini wesigunyaziso esikhankanywe kumacandelo 8 okanye 9 ukuba ayeke zonke izinto azenzayo ngoko nangoko, kwaye lithathe naliphi na inyathelo lokulungisa ukuba umnini wesigunyaziso esikhankanyiweyo ngasentla ufunyaniswe okanye uthathwa njengowophula nayiphi na imiqathango ekhankanywe kwisigunyaziso esibhaliweyo.

(8) Igosa eligunyazisiweyo lingasirhoxisa nangaliphi na ixesha okanye lisingqumamise eso sigunyaziso sikhankanywe kumacandelo 8 no-9 kwimeko yexesha likaxakeka, yentlekele, enobungozi kubomi okanye kukhuseleko, enobungozi kwindalo yokusingqongileyo, okanye nakweyiphi na imeko apho igosa eligunyazisiweyo libona isenzo esiqhubekayo ukuba siyingozi nangayiphi na indlela kwindawo yolondolozo lwendalo.

ISAHLUKO 4

UKUNGENA KWIINDAWO ZOLONDOLOZO LWENDALO

11. Ukungena kwabantu abasebenzisa imithombo yezinto eziphilayo kwindawo yolondolozo lwendalo

(1) Umnini wesigunyaziso esibhaliweyo esinikezwe ngokwamacandelo 8 okanye 9 ngentla apha, ngokuxhomekeke kuwo nawuphi na umqathango oqulathwe kwisigunyaziso esibhaliweyo, unakho ukusebenzisa indlela okanye umgaqo omiselwe siSixeko, ngeenjongo zokusebenzisa ngokufanelekileyo isigunyaziso esibhaliweyo sokusebenzisa imithombo yezinto eziphilayo: Ngokuxhomekeke ekubeni -

(a) iSixeko sinakho ukuvala nayiphi na indlela yokungena okanye sinciphise ukusetyenziswa kwayo ngeenjongo zolawulo;

(b) ukuba umnini wesigunyaziso esibhaliweyo uyasilela ukususa okanye ukulungisa nasiphi na isithintelo kwindlela yokungena esibangelwe

kukusetyenziswa kwesigunyaziso esibhaliweyo, iSixeko sinakho ukususa eso sothintelo okanye ukwenza ulungiso, kwaye sibuyisele indleko zokwenza oku kumnini wesigunyaziso esibhaliweyo;

- (c) iSixeko sinakho ukumisela imiqathango kuhlobo lwesithuthi, oomatshini okanye izixhobo ezivumelekileyo kwindlela yokungena ukuze kuthintelwe nawuphi na umonakalo kwindalo okanye umonakalo kwezinye izinto;
- (d) umnini wesigunyaziso esibhaliweyo kufuneka agcine yonke indlela yokungena esetyenziswayo, ngaphandle kokunxiba ngendlela efanelekileyo, ikwimeko efanelekileyo yokuqhuba; kwaye
- (e) umnini wesigunyaziso esibhaliweyo akanakho ukumisela okanye ukwakha nayiphi na indlela entsha yokungena ngeenjongo zokususa imithombo yezinto eziphilayo okanye nangasiphi na esinye isizathu, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yeSixeko.

12. Ukwamkelwa

(1) Umntu onikwe ilungelo lokungena kwindawo yolondolozo lwendalo angavunyelwa ukuba amkelwe kuphela kwindawo ethile kwaye ngamaxsha abekiweyo njengoko emiselwe siSixeko.

(2) ISixeko sinakho ukuyivala indawo yolondolozo lwendalo okanye inxalenye yayo -

(a) ukuba, ngokoluvo lweSixeko -

(i) ukuvalwa kunyanzelekile okanye kuyimfuneko ukulungiselela ulawulo olufanelekileyo lwendawo yolondolozo lwendalo;

(ii) ukuvalwa kuyimfuneko ukuze iSixeko sikwazi ukwenza nayiphi na imisebenzi yaso ngokwemiqathango yalo Mthetho okanye yoMthetho kaMasipala; okanye

(iii) ukhuseleko lwabantu lungasesichengeni;

(b) ukuba kunyanzeliswa ukuvalwa kwemlilo kummandla obandakanya yonke okanye inxalenye yendawo yolondolozo lwendalo;

(c) ukuba umngcipheko womlilo ongalawulekiyo kwindawo yolondolozo lwendalo, ngokokubona kweSixeko, ugqithisile;

(d) ukuba abasebenzi beSixeko abafunekayo ukujikeleza okanye ukukhusela indawo yolondolozo lwendalo abafumaneki; okanye

(e) ukuba, ngokokubona kweSixeko, ukuvala indawo yolondolozo lwendalo kuluncedo kukhuseleko loluntu.

(3) Akukho mntu uvumelekileyo ukuba, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yeSixeko, angene okanye ahlale kwindawo yolondolozo lwendalo, okanye kwinxalenye yayo, evaliweyo ngokwemiqathango yecandelwana (2).

13. Ukungena kunye nokuhlala kwindawo yolondolozo lwendalo

Nabani na ongena okanye ohlala kwindawo yolondolozo lwendalo uxhomekeke kwimiqathango yokungena emiselwe siSixeko.

14. Iindawo zokungena nokuphuma

(1) Akukho mntu, ngaphandle kweendawo ezivulelekileyo kwindawo yolondolozo lwendalo, okanye ngokuxhomekeke kwimiqathango yecandelo 11, uvumelekileyo ukuba angene okanye aphume kwiindawo yolondolozo lwendalo nakweyiphi na indawo engasebenzisi iindawo zokungena nokuphuma ezimiselweyo, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yeSixeko.

(2) Apho kukho indlela yoluntu, indledlana, indlela yebhayisekile, okanye umzila kaloliwe enqumla kwindawo yolondolozo lwendalo-

(a) akukho sigunyaziso sibhaliweyo sifunwayo ukuba umntu ahambe kwindawo yolondolozo lwendalo kuloo ndlela yoluntu, indledlana, indlela yebhayisekile, okanye umzila kaloliwe esiya kwindawo engaphandle kwindawo yolondolozo lwendalo ekuthethwa ngayo; kwaye

(b) akukho mntu uyakuthi -

(i) ashiye loo ndlela yoluntu, indledlana, indlela yebhayisekile, umzila kaloliwe

(ii) angene kwindawo yolondolozo lwendalo esuka kuloo ndlela yoluntu, indledlana, indlela yebhayisekile, umzila kaloliwe ngaphandle kokuthobela icandelo 12 (1).

(3) Akukho mntu uvumelekileyo ukubhabhisa inqwelomoya, kwindawo yolondolozo lwendalo, kumgama ongaphantsi kwe-1500ft ngaphezulu komgangatho womhlaba ngaphandle kwemvume ebhaliweyo evela kwiSixeko.

(4) Akukho mntu uvumelekileyo ukwehlisa, okanye ukuzama ukwehlisa, inqwelomoya kwindawo yolondolozo lwendalo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo evela kwiSixeko.

(5) Akukho mntu uvumelekileyo ukubhabhisa inqwelomoya elawulwa ngerimowuthi (iRPAS) kwindawo yolondolozo lwendalo okanye ukwehlisa olo hlobo lweRPAS kwindawo yolondolozo lwendalo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo evela kwiSixeko.

(6) Icandelo (4) no- (5) alisebenzi -

(a) ngexesha likaxakeka; okanye

(b) kumntu owenza into ngokwemiyalelo yegosa eligunyazisiweyo.

(7) Inqwelomoya ehlala ngokungxamisekileyo ngokwecandelwana (6) (a) elingentla apha, kufuneka inike ingxelo yokuhlala ngokungxamisekileyo kunye nohlobo lwengxaki, ngokubhaliweyo, kumphathi wendawo yolondolozo lwendalo, okanye lowo amtyumbileyo phambi kokuba inqwelomoya isuswe kwindawo yolondolozo lwendalo, ngexesha elifanelekileyo, kuxhomekeke kuhlobo lwengxaki leyo.

15. Isiqinisekiso sokungena

(1) Apho isigunyaziso esibhaliweyo, okanye imvume yokungena, ifuneka ukuze kungenwe kwindawo yolondolozo lwendalo, umntu ongena kwindawo yolondolozo lwendalo ngesithuthi okanye ngeenyawo, kufuneka aqinisekise ukuba unaso isigunyaziso esibhaliweyo okanye imvume yokungena, kwaye iyafumaneka ukuze ihlolwe ngawo onke amaxesha ade aphume kwindawo yolondolozo lwendalo.

(2) Apho isigunyaziso esibhaliweyo sikhutshelwa ukulala ubusuku kwindawo yolondolozo lwendalo, isigunyaziso esibhaliweyo masibonakale ngawo onke amaxesha kwisithuthi ngokungqinelana necandelwana (3) ngelixa umntu aleleyo ngaphakathi okanye kufutshane nesithuthi.

(3) Ngenxa yeenjongo zalo Mthetho kaMasipala isigunyaziso esibhaliweyo esikhankanywe kwicandelwana (2) sibekwa kwisithuthi kuphela ukuba -

(a) isigunyaziso esibhaliweyo sibekwa ngaphakathi kwiwindiskrini kwicala lesithuthi elimelene nomqhubi; okanye

(b) apho, ngenxa yohlobo lwesithuthi, kungenakwenzeka ukuthobela umhlathi (a), isigunyaziso esibhaliweyo masibekwe kwindawo esisigxina kwisithuthi, ukuze isigunyaziso esibhaliweyo sijonge ngaphandle kwisithuthi ukuze sibonakale lula kwaye sibenakho ukufundwa ngumntu ongaphandle kwesithuthi.

16. Ukungena ngokukhuselekileyo

Akukho mntu uvumelekileyo ukuba angene okanye athathe isithuthi okanye inqanawa kwindawo yolondolozo lwendalo, asise kwindawo, kwindlela, emlanjeni okanye kummandla onamanzi ngendlela engakhuselekanga okanye engenankathalo.

17. Ukuhlala ubusuku

(1) Akukho mntu uvumelekileyo ukulala ubusuku kwindawo yolondolozo lwendalo-

- (a) ngaphandle kwesigunyaziso esibhaliweyo seSixeko;
- (b) ngaphandle kokuzixela kuqala kwi-ofisi yolwamkelo kwindawo yolondolozo lwendalo okanye kumntu ogunyazisiwe siSixeko ukuba enze umsebenzi wokugada abantu;
- (c) ukuba akukho ndawo ibekelwe bucala okanye efumanekayo ukulungiselela loo mntu;
- (d) kwinqanawa eyindlu okanye kuyo nayiphi inqanawa ngaphandle kwesigunyaziso esibhaliweyo seSixeko;
- (e) kuyo nayiphi na indawo ngaphandle kwendawo emiselwe ukwenza oko siSixeko.

(2) Akukho mntu uvumelekileyo, ngaphandle kwesigunyaziso esibhaliweyo seSixeko esikhankanywe kwicandelwana (1), ebusuku kwindawo yolondolozo lwendalo ngaphandle kwendawo ebekelwe bucala siSixeko ukwenza oko.

18. Amaxesha okungena nawokuhamba

(1) Iindawo zolondolozo lwendalo zivuliwe ukususela kusasa kude kutshone ilanga, ngaphandle kokuba kuchazwe ngenye indlela ngesaziso kumasango okungena amiselweyo nakwiindawo ezivulelekileyo zokungena.

(2) Akukho mntu uvumelekileyo, ngaphandle kwesigunyaziso esibhaliweyo seSixeko, ukungena, ukuphuma okanye ukuhamba kwindawo yolondolozo lwendalo ingengawo amaxesha amiselwe siSixeko, ngaphandle kwakwindawo ezivulelekileyo zokungena.

ISAHLUKO 5

IMISEBENZI ENESITHINTELO

19. Imisebenzi apho ingathi ibenempembelelo engalunganga kulondolozo lwendalo

(1) Akuvumelekanga mntu ukuba abekummandla wolondolozo lwendalo engakhange afumane isigunyaziso esibhaliweyo kwiSixeko:

(a) Abonakalise nayiphina indalo okanye inxal'enye yayo kummandla wolondolozo lwendalo;

(b) Agqithise, hambisa okanye kungenjalo atshintsha nasiphina isidalwa;

(c) Aphazamise ngenjongo nasiphina isidalwa (izilwanyana) okanye utyani;

(d) Atyise nasiphina isidalwa okanye utyani;

(e) Asebenzise naluphina urekhodisho lwazo naziphina izidalwa okanye izityalo okanye isampule okanye uluhlu lwezidalwa okanye izityalo ukutsala umdla wezilwanyana;

(f) Ukulinga, ukuthiyisela okanye okanye ukutsala umdla nangayo nayiphina indlela okanye nangayiphina injongo ngokujoliswe kulo naluphina uluhlu lezidalwa okanye olwezityalo;

(g) Ushunqule, wonakalise, ususe okanye utshabalalise okanye uthathele kuwe nasiphina isityalo okanye nayiphina inxal'enye yaso kuquka izikhuni ezomileyo zokubaswa;

(h) Uzingele, uhlasele okanye ubulale nasiphina isilwanyana esiphilayo ngayo nayiphina imigudu, indlela okanye ngesixhobo esithile, kuquka ukuphanda, ukulanda umkhondo, ukuqhuba isithuthi, ukulalela, ukulinga, ukutsala umdla, ukuqhushumbisa iinkanunu okanye isixhobo sokudubula okanye wonzakaliso

ngenjongo yokuzingela izilwanyana, ukufumana, ukuzihlasela okanye ukubulala naso nasiphina isilwanyana;

(i) Udibanise ndaweninye, uqokelele okanye uxinanise nalao naluphina uluhlu lwezilwanyana;

(j) Ucholachole inxenye okanye unqumle, utoncule, wonakalise okanye utshabalalise nalo naluphina uluhlu lwezilwanyana;

(k) Ubange okanye usebenzise ulawulo lokuphatha ngezandla nalo naluphina uluhlu lwezilwanyana;

(l) Ukhulise, uqhamise okanye nangayo nayiphina indlela yokutyala nalo naluphina uluhlu lwezilwanyana okanye izityalo okanye ubangele ukuba uluhlu olo luphinda-phindane;

(m) Uthengise okanye kungenjalo wenze urhwebo lokuzuza, ufumane, unikezele, wenze umnikelo okanye wamkele njengesipho okanye nangayo nayiphina indlela okanye ubeke esichengeni nalo naluphina uluhlu lwezilwanyana; okanye

(n) Ukuma kwindawo ethile, ukuzama ukuma kkwinsdawo ethile, ukubamba okanye ukuzama ukubambisa intlanzi hayi kwindawo emiselwe ukwenziwa kweso senzo.

(2) Icandelwana-(19)(1)(c), (d), (e), (f), (h) alijolisanga ekusetyenzisweni kweentolo zokuloba, ukuthiyisela okanye ukulukuhla ngenjongo yokuloba apho loo msebenzi uvumelekileyo kwindawo yezolondolozo lwendalo.

(3) Akuvumelekanga mntu kwindawo yolondolozo lwendalo oyakuthi -

(a) Ngenjongo okanye ngokungakhathali abangale ungcoliseko;

(b) Amoshe imithombo yenkcubeko yokulilifa lemveli; okanye

(c) Onzakalise okanye ubangele ukutshabalala koluhlu ngalunye lwendalo okanye naluphina uluhlu lwezilwanyana, engakhange afumane ugunyaziso olubhaliweyo lweSixeko.

(4) Akuvumelekanga nawuphina umntu, ngaphandle kokuba kuqala ugunyaziswe ngokubhaliweyo siSixeko nangokuxhomekeke kwisicwangciso solawulo nemigaqo enge-NEMA, avule okanye avale indawo elunxweme lolwandle okanye indawo yomlambo ekwindawo yolondolozo lwendalo.

(5) Akukho mntu oyakuthi kwindawo yolondolozo lwendalo, abeke, alahle, adampe okanye akhuphe nayiphina inkunkuma kwindawo yolondolozo, asebenzise imigqomo yenkunkuma, ugutyulo, inkunkuma eilindle okanye nayiphina imathiriyeli kwimindawo ngaphandle kwezo zimiselwe oko siSixeko.

20. Imisebenzi ethile ebalulweyo

(1) Akuvumelekanga mntu uyakuthi aqhube nawuphina kule misebenzi ilandelayo kwindawo yolondolo lwendalo, engakhange afumane ugunyaziso olubhaliweyo seSixeko kwaye ngokungqinelana nesicwangciso solawulo esiphunyeziweyo okanye isicwangciso solawulo lokusingqongileyo, ngokujoliswe kwimisebenzi ebalulweyo:

- (a) Ukuqhutyelwa kweefilimu nokufota kusetyenziswa isixokelelwane i-webcam okanye ukurekhodishwa kweefoto okanye isixhobo sokunikezela/sokugqithisa ifoto kuquka iikhemzi zokulanda umkhondo;
- (b) Ukuqhutywa kokhenketho;
- (c) Ukuqhutywa kwalo naluphina uhlobo lezokhuphiswano;
- (d) Ukuthengisa okanye ukuhayarisha kweempahla okanye ukunikezelwa kwempahla ezithengiswayo okanye ezihayarishiswayo;
- (e) Ukubonelela okanye isinikezelo sokubonelela ngayo nayiphina inkonzo ngexabiso elithile okanye ngembuyekezo;
- (f) Naluphina uhlobo lomsebenzi ongenjongo yokunyusa ingxowa yezimali, inzuzo yobuqu, ukwenza inzuzo okanye ukubhengeza okuthile;
- (g) Umsitho othile oququzelelweyo kuquka owezemidlalo okanye imisitho engezenkcubeko;
- (h) Urekhodishe iifoto zezilwanyana kulungiselelwa nawuphina umboniso wokuzingela okanye omnye umsebenzi onxulumene noko;
- (i) Kuqhutywa naluphina uhlobo loqeqesho, ukuthamba okanye imiboniso yokulinganisa; okanye
- (j) linkqubo nemisebenzi engemfundiso ngokusingqongileyo.

21. Uphando nokubek'iliso

(1) Akuvumelekanga mntu kwindawo yolondolozo lwendalo, engakhange afumane ugunyaziso olubhaliweyo kwiSixeko, aqhube uphando lezobunzululwazi okanye olungokuphangaleleyo okanye aqhube iiprowujekthi ezingokubek'iliso.

(2) Nabani na umntu oqhube uphando lezobunzululwazi okanye olungokuphangaleleyo okanye aqhube iiprowujekthi ezingokubek'iliso kwindawo yezolondolozo lwendalo, kufuneka -

- (a) Angenise isiphakamiso ngokubhaliweyo kwiSixeko esicacisa injongo nendlela yezophando okanye engokubek'iliso;
- (b) Abenazo zonke iimpepha-mvume nezigunyaziso, ngokungqinelana nawo nawuphina omnye umthetho;
- (c) Athobele yonke imiqathango ebalulweyo kwisigunyaziso esibhaliweyo;
- (d) Angenise zonke iidatha/iinkcukacha nengcaciso kwiSixeko ngendlela elungiselelweyo apho iyakuthi igqitywe kunye namanqanaba eprowujekthi ebalulwe siSixeko; kwakhona
- (e) Angenise iikopi zazo zonke iingxelo neziphumo kwiSixeko emva koku kugqityiwe.

22. Ukungenelela kumhlaba okanye kumhlaba apho kuphila indalo

(1) Akuvumelekanga namnye umntu, ngaphandle kokuba kuqala ufumene ugunyaziso olubhaliweyo kwiSixeko nangokuxhomekeke kuyo nayiphina imithetho engeminye efanelekileyo -

(a) Asuse kulondolozo lwendalo nawuphina -

- (i) Umhlaba, isanti, amahlalutye, amaqhekeza, amatye, amatye amakhulu, amaqokobhe endalo okanye izimbiwa okanye imathiriyeli ekwanjalo;
- (ii) linkuni, amaxolo okanye naluphna utyani olubunileyo;
- (iii) Okuphilayo kwaze kwabalilitye, iintsalela zobunzululwazi ngezakudala okanye ezobugcisa nenkcubeko;
- (iv) izidalwa zasemanzini okanye amaqokobhe endalo aselwandle; okanye
- (v) Into elilindle lwezilwanyana;

(b) Ombe nawuphina umhlaba okanye imathiriyeli kwindawo yolondolozo lwendalo; okanye

(c) Aphazamise ngenjongo kwindawo yolondolozo lwendalo -

- (i) linkuni, amaxolo omthi, isichumiso (ikhomposti) okanye naluphina utyani olubunileyo okanye isilwanyana esifileyo;
- (ii) Atshabalalise iindulana, izindlwana zeenyosi, iingubo zezigcawu, izindlwana zeentaka okanye imigxunya yezilwanyana;
- (iii) Into eyayiphila mandulo yajika yalilitye, iqokobhe eliyinkunkuma, iintsalela zobunzululwazi ngezakudala okanye ezobunzululwazi ngezidalwa zamandulo okanye amatye anqabileyo;
- (iv) Nayiphina imibandela yaselwandle ebonakaliswe kumhlathi (a);
- (v) Nayiphina into okanye imathiriyeli okanye eyathi yasetyenziswa kulo naliphina isiko nokanye umcimbi ongomnye; okanye
- (vi) Nayiphina into ethi ibenemvelaphi yezembali okanye eyezenkcubeko.

23. Uphando ngezilwanyana nezityalo

Akukho mntu uyakuthi aphande nangayo nayiphina indlela okanye indlela yokusebenzisa imithombo yendalo, afumane amasuntswana ezizezinye izinto ezinjengeekhemikhali namachiza (ibhayoprospekthingi) kwindawo yolondolozo lwendalo kungakhange kufumaneke ugunyaziso olubhaliweyo kwiSixeko nangaphandle kwemiqathango emiselwe siSixeko.

24. Izakhiwo nophuculo

(1) Uphuhliso lwezakhiwo nophuculo kwindawo yolondolozo lwendalo luthi luxhomekeke kuqala ekuphunyezweni nogunyaziso olubhaliweyo oluphuma kwiSixeko, nakuwo nawuphina umthetho ofanelekileyo kuquka kodwa kungekho ngeneno kugunyaziso lokusingqongileyo, ngokungqinelana necandelo-24 loMthetho weSizwe ongoLawulo lokuSingqongileyo wango-1998 (NEMA).

(2) Akukho mntu kwindawo yolondolozo lwendalo uyakuthi engakhange afumane kuqala ugunyaziso olubhaliweyo siSixeko, agxumeke, akhe, okanye aguqule okanye abengele ukuba kugxunyekwe, kwakhiwe okanye kuguqulwe naso nasiphina isakhiwo, isakheko (sisenokuba sesexeshana okanye sisigxina) okanye nalo naliphina uphuculo olungolunye, kuquka kodwa kungekho ngeneno kwisakhiwo okanye isakheko esilo nalupha uhlobo, indawo eyikwari, idokisi, ithambeka, isigaba

sokwehlela, ukuba kumphezulu womhlaba, umalathisi ongumdandalazisi, irafti, ucingo olubiyeyo okanye nasoiphina isithinteli, ibhulorho, isixhaso, indlela isiphambuka ngokujoliswe kwisakhiwo okanye ipropati enokususwa.

(3) Nabani umntu othe wenza isicelo ngokwecandelwana-(2) elingokugxunyekwa kwesakhiwo okanye nalo naluphina uphuculo olungolunye ngokujoliswe kwisakhiwo okanye ipropati engine enokususwa, kufuneka ukuba kuyimfuneko ukwenziwa oko siSixeko -

(a) Apho xa kuthe kuqala ugunyaziso lokusingqongileyo ngokwecandelo-24 le-NEMA elithe alafuneka, ngokwawo nawuphina umthetho obophelela umcebisi ozimeleyo wokusingqongileyo ukuba aqhube uvavanyo lwesiphakamiso eso sogxumeke okanye sophuculo kuthotyelwa imimiselo ethile equlunqwe yi-NEMA, okanye umthetho ongomnye ofanelekileyo, kwaye kungeniswe iziphumo zovavanyo olo kwiSixeko;

(b) Kwiimeko apho ugunyaziso lokusingqongileyo luye lwanyanzeleka ngokungqinelana necandelo-24 le- NEMA, kubonelelwe iSixeko ngolo gunyaziso lokusingqongileyo ngaphambi kokuba iSixeko sithathele ingqalelo isicelo.

25. Iidreyini zesiFrentshi, imigxunyana kawonke yokuzithuma kwiindawo zokukhempisha nezinye izixokelelwane ezinikezela ngogutyulo

Akuvumelekanga mntu engakhange kuqala afumane ugunyaziso olubhaliweyo kwiSixeko, olukhatshwa sisicwangciso sesiza, agxumeke okanye nangayo nayiphina indlela aguqule okanye andise naysiphina isixokelelwene sedreyini yesifrentshi, imigxunyana yokuzithuma yexeshana okanye naso nasiphina isixokelelwane sonikezelo logutyulo esingesinye kuwo nawuphina umhlaba okwindawo yolondolozo lwendalo okanye utshintshelwe ngesinye isixhobo sedreyini sesifrentshi, imigxunyana yokuzithuma yexeshana okanye nasiphina isixokelelwane esingesinye sonikezelo logutyulo.

26. Iindawo zokuchithela iholide, iikharavan paki, iindawo zokukhempisha okanye zepikniki

Akukho mntu angagxumeka, amisele, aguqule, andise okanye anweniswe nayiphina indawo yeholide, iikharavan paki okanye indawo yokukhempisha okanye eyepikniki kwindawo yezolondolozo lwendalo apho amalungu oluntu anokuhlala, akhempishe okanye enze ipikniki, emva kokuba behlawule umrhumo okanye hayi, kungenjalo ngokungqinelana nesicwangciso solawulo esijoliswe kwindawo yezolondolozo lwendalo.

27. Umhlaba nendawo yasemoyeni

Akuvumelekanga mntu kwindawo yezolondolozo lwendalo, ngaphandle kokuba kuqala uye wafumana ugunyaziso olubhaliweyo kwiSixeko -

- (a) Abandakanyeke kumdlalo wokugwenkcela kwilitye eliyintaba eliphezulu;
- (b) Abandakanyeke kumdlalo weeparashuti okanye owokujinga kwilitye eliyintaba eliphezulu
- (c) Ahlale kumhlaba okanye aknye afuduke okanye azame ukusuka emhlaben ngayo nayiphina inqwelo-moya, ihelikopta, ukusebenzisa inqwelo-ntaka encinane (iglayinda), iglayinda esemoyeni okanye ibhaloni enomyo oshushu;
- (d) Amisele okanye abhabhise ibhaloni enomoya oshushu;
- (e) Asebenzise inqwelo-moya encinane, i-RPAS okanye iglayinda;
- (f) Abandakanyeke kuwo nawuphina umdlalo ongokukhwela, kuquka ukukhwela esantini, ukutyibiliza elwandle usebenzisa mandla omoya, ukutyibiliza usebenzisa amandla ekayiti okanye isityibilizi sohambo esakhiweyo
- (g) Asebenzise nasiphina isithuthi esiyimoto ngenjongo yozolonwabo;
- (h) Umisele okanye uphemebelele inkanunu okanye uqhushumbise emoyeni ngaphezulu kwindawo yezolondolozo lwendalo ngaphandle kokuba loo msebenzi ugunyaziselwe njengowexesha likaxekeka; okanye
- (i) Uphathe, ubase okanye usebenzise naluphina uhlobo lwezitakisi-ntlanzi.

28. Imimandla enamanzi

(1) Akukho mntu uvumelekileyo engakhange afumane ugunyaziso olubhaliweyo kwiSixeko, amisele okanye asebenzise iphenyane edameni, kuvimba wamanzi, kumjelo, kumlambo oanye nayiphina indawo enamanzi kwindawo yezolondolozo lwendalo

ngaphandle kokuba amanzi aye abekelwa ecaleni siSixeko ukuba asetyenziswe ngamaphenyane.

(2) Akukhomntu uvumelekileyo ukuba aqhube naluphina ukhando/ulungiso, ukwenza inkonzo, uvavanyo, ukupeyinta naliphina iphenyane kummandla wamanzi kulondolozo lwendalo ngaphandle kokuba ngaphambi koko kuye kwafunyanwa ugunyaziso olubhaliweyo kwiSixeko.

29. Ukususa nokulahla kwimimandla yamanzi

Akukho mntu uyakuthi, ngaphambi kokuba afumane ugunyaziso olubhaliweyo kwiSixeko nangaphandle kwemiqathango emiselwe siSixeko, nango nayiphina indlela kwindawo yolondolozo -

(a) Asuse, agrumbe, ampompe okanye asuse nayiphina isanti, umhlaba okanye amatye kummandla onamanzi;

(b) Ashiye, alahle okanye ajule isanti, umhlaba, amatye okanye nayo nayiphina imathiriyeli engolunye uhlobo kummandla onamanzi.

30. Izilwanyana zasekhaya nemfuyo kwiindawo zolondolozo lwendalo

(1) Akukho mntu uvumelekileyo, ngaphandle kokubaphantsi kwemiqathango enikezelwe siSixeko ngokwamaxesha ngamaxesha, oyakuthi avumele nayiphinainja, ikati kanye iilwanyana sasekhaya esingesinye okanye imfuyo ephantsi kwakhe okanye ephantsi konakekelo lwaloo mntu ukuba ingene okanye ihlale kwindawo yolondolozo lwendalo.

(2) Nayiphinainja, ikati okanye isilwanyana sasekhaya esingesinye kuquka ezo zibonakaliswe kwicandelo-30(1) apho singekho phantsi konakelelo lwaye nawuphina umntu, singabanjwa kwaye sisuswe, sithinjweokanye sitshatyalaliswe phantsi kwengqiqo yeSixeko.

(3) Nayiphinainja, ikati, isilwanyana esingesinye sasekhaya okanye imfuyo ekwindawo yezolondolozo lwendalo, kuquka ezo zibonakaliswe kwicandelo-30(1) apho zingakho phantsi kolawulo olungqalileyo olungokurhuqwa kwentambo okanye ulawulo olunxulumene noko, ngaphandle kokuba sikwindawo emiselwe oko/ukurhuqwa

okanye indawo yokuzihambela ngokukhululekileyo, singabanjwa kwaye sisuswe okanye sithinjwe phantsi kwengqiqo yeSixeko.

31. Imipu nezixhobo ezinobungozi

(1) Akuvumelekanga mntu ngaphandle kokuba ligosa eligunyazisiweyo okanye unokotraka onesigunyaziso esibhaliweyo siSixeko, othi angene kwindawo yezolondolozo, apho angabe uphethe umpu, isixhobo esinobungozi, isiqhushumbisi, isabatha okanye ityhefu.

32. Imisebenzi engezorhwebo

Akuvumekanga namnye umntu ukuba aqhube nawuphina kwimisebenzi eluihlobo lezorhwebo kuquka ukuqhutywa nayiphina inkqubo engezolonwabo, ukuthengiswa kwazo naziphina iinlobo zempahla, ukuhayarishwa nasiphina isixokelelwane okanye nayo nayiphina intshukumo elolo hlobo kwindawo yezolondolozo lwendalo.

33. Izithintelo ngokuphangaleleyo

- (1) Akuvumelekanga mntu ukuba okummandla wolondolozo lwendalo engakhange afumane isigunyaziso esibhaliweyo kwiSixeko, oyakuthi -
- (a) Anikezele naywuphina umboniso okanye ezolonwabo, aqhube nalo naluphina uhlobo lorhwebo okanye ushishino okanye aqokkelele nayiphina imali kuluntu;
 - (b) Aqhube nawo nawuphina kwimisebenzi yezolimo okanye owegadi, ngaphandle kokuba kuxhomekeke kwimiqathango apho iSixeko singayimisela ngokwamaxsha ngamaxsha;
 - (c) Asebenzise okanye abangele ukusetyenziswa kwaso nasiphina isixhobo sesandisi-lizwi okanye esilolo hlobo okanye esingesinye esibangela ingxolo;
 - (d) Akhe okanye agxumeke naliphina iqonga, isheltha okanye isakheko esingesinye;
 - (e) Aququzelele okanye abangele uququzelelo okanye azimase okanye athabathe inxaxheba kuyo nayiphina intlanganiso yoluntu, umheshuzo okanye indibano; okanye

(f) Aphazamise, amoshe, onakalise, asuse okanye nalo naluphina uhlobo lophazamiso kucingo olubiyeleyo indawo yezolondolozo lwendalo okanye ninto engumda yendawo yezolondolozo lwendalo.

(2) Akuvumelekanga mntu angathi -

(a) Ngenjongo okanye ngokungakhathali abangele umlilo okanye alahle nayiphina into evuthayo kuyo nayiphina indawo apho ingathi iphembelele umlilo ojoliswe kwenye into kanye asebenze ngendlela apho kungabangela ukuqhambuko komlilo, ngaphandle kwendawo apho kuvunyelwe siSixeko ukubaswa komlilo;

(b) Atshaye kwindawo yezolondolozo lwendalo, ngaphandle kwemimandla apho kumiselwe/kuvumelekle ukutshaya; okanye

(c) Asebenzise naluphina uhlobo lwesitakisi-zintlantsi.

ISAHLUKO 6

IMISEBENZI/IZINTO EZINGAVUMELEKANGA

34. Okungavumelekanga okujoliswe kwizithuthi

(1) Akuvumelekanga umntu oqhuba isithuthi kwindawo yezolondolozo lwendalo, apho -

(a) Aqhuba, apake, okanye amise ngendlela apho ethi ibangele inkathazo, uphazamiseko, ingxaki okanye ingozi komnye umntu okanye kwesinye isithuthi;

(b) Aqhuba, apake okanye amise ngayo nayiphina indlela ethi ibangele ukubloka indlela;

(c) Abhuloke indlela engolawulo lokusebenza okanye isithuthi sexesha likaxakeka;

(d) Apake isithuthi kwindawo hayi kwindawo emiselwe oko siSixeko;

(e) Aqhube okanye upake naphina ngaphandle kwendlela emiselwe oko okanye ummandla omiselwe ukupaka;

(f) Aqhube okanye asebenzise nasiphina isithuthi ngendlela apho enobundlobongela okanye engenankathatlo okanye ngendlela yangabom okanye ngenjongo yokujongela phantsi ukhuseleko laye nawuphina umntu, isinambuzane, utyani okanye ipropati yolwayo naluphina uhlobo;

(g) Aqhube isithuthi kwiindlela ezingamiselwanga oko okanye kwimizila yendlela, ngaphandle kommandla obekelwe bucala siSixeko ukuba kwenziwe loo mbandela; okanye

(h) Aqhube isithuthi esenzela ulonwabo, kuquka kodwa kukngekho ngeneno kokusebenzisa isithuthi esikhulu obuyi- 4x4, kwindlela engalungiswanga, izithuthu zokunyuka iintaba nendlela emxinwa neemoto zomdyarho kwindawo apho engamiselwanga loo msebenzi wezolonwabo.

(2) ISixeko singakuthintela okanye sikwale ukusetyenziswa kwaso nasiphina isithuthi okanye uhlobo oluthile lwesithuthi kwindawo yezolondolozo lwendalo.

(3) Akukho mntu angangena okanye ahambele kwindawo yezolondolozo lwendalo ngaphandle kokuba uhamba ngesithuthi esithi sithobele imimiselo neminye imiqathango emiselwe siSixeko.

35. Ukulahla nongcoliso

(1) Akuvumelekanga mntu kwindawo yolondolozo lwendalo apho athi -

(a) Alahle okanye ashiye nayiphina into elahlawayo esenokuba yeyomzimveliso okanye yeyasekhaya,

nokuba loo nkunkuma ilahlwayo iyarisayiklisheka okanye ayirisayiklisheki, ngaphandle kokuba ilahlwe kummandla apho olungiselelwe oko;

(b) Alahle okanye ashiye nayiphina into elahlwayo, ibhotile, iglasi eyaphukileyo, isitya sencence, eyenziwe ngodongwe, izinto zeplastiki,

uvobe, inkunkuma, imbewu, iziqhamo okanye imifuno okanye nayiphina imathiriyeli eyinkunkuma, ngaphandle kokuba

ikwindawo okanye apho elungiselelwe ukuba kulahlwe khona;

(c) Alahle, akhupe okanye ashiye nayiphina into eyityhefu, enukayo, enobungozi okanye engcolisayo,

into eyintsimbi, Imathiriyeli okanye into ethile;

(d) Alahle okanye ashiye nayiphina inyama yangaphakathi yesilwanyana, isnto ezifileyo okanye utyani okanye udaka lwezinyana;

(e) Ashiye, ngaphandle kokuba nayiphina elungiselelwe okulahliweyo, nayiphina inkunkuma yasekhaya;

- (f) Waphule ngenjongo nayiphina into eyiglasi, incence, udongwe, iplastiki okanye nayiphina imathireyeli engenye eyophukayo;
- (g) Alahle, akhuphe okanye ashiye nasiphina isimbiwa, inkunkuma engesimbiwa okanye inkunma engenye yemizi-mveliso okanye endidi-mbini;
- (h) Alahle okanye akhupe naliphina ichiza eliyityhefu okanye imathiriyelo, imathiriyeli eliyenza kuquka imathiriyeli eyityhefu okanye nayiphina into engcolisayo oanye enobungozi; okanye
- (i) Alahle iitoti ezineekhemikhali zokutshiza okanye nayiphina ikhemikhali enobungozi ololohlobo.

36. Ungcoliseko lwamanzi

- (1) Akukhomntu uvumelekileyo nangalo naliphina ixesha okanye nangayiphina indlela kuquka ukusebenzisa izicoci ezingamachiza, ulahle nayiphina inkunkuma ephathekayo okanye engamanzi kuquka i-oyile yeenjini kuyo nayiphina indawo enamanzi, umhlaba ofumileyo, owentlakohlaza, ipani, iqula lamanzi, amanzi angaphantsi komhlaba, idama, uvimba wamanzi, okanye umjelo wamanzi kwindawo yezolondolozo lwendalo.
- (2) Akuvumelekanga mntu nangalo naliphina ixesha okanye nangayo nayiphina indlela ukuba alahle, abeke okanye ashiye nayiphina into, imathiriyeli okanye into ethile eyakuthi ngokungqalileyo okanye ngokungangqalanga ibangele naluphina ungcoliseko lamanzi;

37. Okungavumelekanga gabalala

- (1) Akuvumelekanga mntu kwindawo yolondolozo lwendalo apho athi -
- (a) ahlale ngokungekho-mthethweni, akhe, agxumeke, angene, abange, athengise okanye aebenzise nawuphina umhlaba, isakhiwo okanye isakheko apho angenalungelo lobunini ngokomthetho;
- (b) aqhubekeke nolwakhiwo lwesakheko esingagqitywanga emva kwesaziso esibhaliweyo sokuba ayeke ulwakhiwo, esikhutshwe siSixeko;

- (c) abiyele nasiphina isiqephu somhlaba ngayo nayiphina indlela eyimathiriyeli, kuquka kodwa kungekho ngeneno kwestringi, intsontela, amaxhayi, amatye, uhlalutye, ucingo, izikhuni okanye nayo nayiphina imathiriyeli okanye aqhubekeke nokubiyela emva kokuba ekhutshelwe isaziso esibhaliweyo sokuba ayeke oko, esikhutshwe siSixeko;
- (d) ahambise okanye asuse naluphina ubiyelo okanye amaxhayi omlinganiselo amiselwe ngokungqinelana nawuphina umthetho;
- (e) Ngaphandle kokuba afumane imvume ngokubhaliweyo yeSixeko avumele, akhuthaze, aphembelele, aququzelele okanye akhokele ukuba kuhlaliwe kuwo nawuphina umhlaba;
- (f) Ngalo naphina ixesha adlale nawuphina unomathotholo, icwecwe lokudlala umculo, izixhobo zomculo, isixhobo somculo okanye nangayo nayiphina indlela ebangela naluphina uhlobo lwengxolo ethi ibangele uphazamiso lwaso nasiphina isilwanyana okanye utyani okanye omnye umntu;
- (g) Aziphathe ngendlela engqwabalala, engamkelekanga, engenasidima okanye indlela yokungathobeli;
- (h) Azibandakanye kwizenzo zokwabelana ngesonto okanye aphembelele nabani na ngenjongo yobuhenyukazi okanye engamkelekanga kuluntu;
- (i) Ngaphandle kokuba kuxhomekeke kwisigunyaziso esibhaliweyo esivunyelwe kwisahluko-3, anqumle, asuse, agrumbe, awise, atshse, aplage, aphule, agwenkcele okanye abangele umonakalo weplanga okanye nawuphina umthi, amahlahla, amaplanga ayibrashi, iipali ezibiyeleyo, iipali, amasebe, iiloni, iziqhamo, iintyatyambo, izityalo okanye utyani; okanye
- (j) Adale okanye akhe nayiphina kwiindlela ezintsha zokungena, iipaseji zokudlula okanye imizila yendlela.
- (2) Akuvumelekanga mntu kwindawo yezolondolozo lwendalo angathi ngenjongo abengumqobo, aphazamise okanye akhokele umphefumlo wawo nawuphina omnye umntu osebenzisa indawo yolondolozo lwendalo ethobela lo mthetho kaMasipala.

(3) Akukho mntu uvumelekileyo osenokuthi akhuphe/asebenzise umpu kwindawo yolondolozo lwendalo, ngphandle kokuba -

(a) Loo mntu ugunyaziswe siSixeko ukwenza oko;

(b) Ukuba avakalise/asebenzise isixhobo esinensithonga ngexesha lokhuphiswano olucwangcisiweyo okanye nguye nawuphina omnye umntu ogunyaziswe siSixeko ngexesha lentlanganiso yezemidlalo kummandla onamanzi; okanye

(c) Ngokunxulumene nokuqokelelwa koluhlu lwezendalo kulungiselelwa imibandela yezobunzululwazi, ngokuxhomekeke kugunyaziso olubhaliweyo lweSixeko;

(4) Akuvumelekanga mntu kwindawo yezolondolozo lwendalo ukuba alahle, arole okanye alhale naliphina ilitye, ilitye elikhulu, imathiriyeli, isixhobo esiyingozi okanye inkanunu ngenjongo yokwenzakalisa omnye umntu, uluhlu lwendalo okanye izinambuzane kwindawo yezolondolozo lwendalo..

(5) Akuvumelekanga umntu kwindawo yezolondolozo lwendalo oyakuthi athintele, abengumqobo okanye aphazamise igosa eligunyazisiweyo ekusebenziseni amagunya akhe ngokomthetho kamasipala

ISAHLUKO 7

IMIRHUMO NAMAXABISO (IIRHAFU)

38. Imirhumo namaxabiso

(1) ISixeko siyakuthi sigqibe rhoqo ngonyaka ngokumalunga nemirhumo namaxabiso afanelekileyo, ngokujoliswe -

(a) Ekungeneni kwiindawo zolondolozo lwendalo;

(b) Ekusetyenzisweni kwayo nayiphina indawo yoncedo, inkonzo, isakheko, indawo yezolonwabo, imiboniso engeefilimu okanye umnyhadadala onikezelwe okanye obonelelwe okanye wanikezelwa egameni leSixeko kwindawo yezolondolozo lwendalo; kwakhona

(c) Ekuqhutyweni kwawo nawuphina umsebenzi ongezorhwebo;

(d) lindleko ezinxulumene nalo naliphina inyathelo eliqhutywe siSixeko ngenxa yokungathotyelwa koMthetho kaMasipala.

(2) ISixeko singazibuyisela iindleko ezinxulumene nenyathelo lolungiso elithe laqhutywa ngenxa yokungathotyelwa koMthetho kaMasipala.

(3) ISixeko singakurhoxisa ukuhlawulwa kwemirhumo yokungena ngokwalo naluphina usuku oluthile, njengoko kuyakuthi kufuneka.

ISAHLUKO 8

UKUTHOTYELWA NOKUNYANZELISWA KOMTHETHO

39. Amagosa agunyazisiweyo

(1) ISixeko singachonga naliphina ilungu eliligosa njengegosa eligunyazisiweyo.

(2) Naliphina igosa elichongiweyo eligunyazisiweyo kufuneka liphathe ikhadi elimiselweyo lokuzazisa xa lisebenzisa nalo naliphina igunya ngokwalo Mthetho kaMasipala kwaye kufuneka libonakalise elo khadi xa lithe lacelwa ukwenza oko.

(3) Ukuba liye igosa elo ligunyazisiweyo elikhankanywe kwicandelwana-(2) liye lasilela ukubonakalisa ikhadi lokuzazisa, ke ngoko akukho gunya eliyakuthi lisetyenziswe ngokwalo Mthetho kaMasipala.

40. Amagunya nemisebenzi yamagosa agunyazisiweyo

(1) Kweli candelo, ngaphandle kokuba imeko ibonakalisa okanye, 'isolotywa/iatikile' libhekiselele kuyo nantoni na, kuquka isakheko, into, ucxwebhu, incwadi, inkcukacha okanye ingcaciso ekwikhompyutha okanye umhlathi, inxenye okanye isampule, apho ngokwezzathi ezivakalayo kukrokreleka ukusetyenziswa gwenxa kwalo Mthetho kaMasipala.

(2) Ngaphandle kwesigunyaziso sokubamba, igosa eligunyazisiweyo lingema, lingene lisetshe kwaye lisuse nalo naliphina iphenyane, isithuthi, izakhiwo okanye umntu ukuba igosa eligunyazisiweyo linezizathu ezivakalayo zokukholelwa ukuba kuye

kophulwa umthetho ngokwalo mthetho kamasipala ngokujoliswe kwelo phenyane, isithuthi okanye izakhiwo ezo, ukuba -

- (a) Umntu lowo ulawula iphenyane elo, isithuthi okanye wezakhenko uvumela oko kumiswa, ukungena, ukusetshwa okanye ukubanjwa; okanye
 - (b) Igosa eligunyazisiweyo linezizathu ezibambekayo zokukholelwa ukuba kuyakuthi kukhutshwe isigunyaziso sokubanjwa ukuba igosa eli liye lenza isicelo soko, kwakhona ukulibaziseka ekufumanekeni kweso sigunyaziso sokubanjwa luyakuthi kusenegele phantsi umba wokumisa, ukunena, ukusetsha okanye ukuhlasela.
- (3) Ukuba icandelwana (2) alisebenzi, ke ngoko igosa eligunyazisiwe lingemisa, lingene kwaye lisheshe naliphina iphenyane, isithuythi, izakhiwo okanye loo mntu kwaye lingabamba isoloty a elibonakaliswe kwicandelwana (2) kuphela phantsi kwegunya lesigunyaziso sokubanjwa.
- (4) Ijaji kumagumbi eengxoxo ingakhupha isigunyaziso sokubanjwa esibonakaliswe kwicandelwana (3) apho igosa eligunyazisiweyo lakube lenze isicelo esibhaliweyo ukuba kuyavela oko kwingcaciso efungelweyo okanye eqinisekisiweyo, ukuba -
- (a) Kukho izizathu ezivakalayo zokukholelwa ukuba kuye kophulwa lo Mthetho kaMasipala;
 - (b) Ukusetsha nohlaselo olo luyakuthi lukhokhelele kwingcaciso emalunga nokophulwa komthetho; kwakhona
 - (c) Ukusetsha nohlaselo olo lunezizathu ezivakalayo ngokwenjongo yalo Mthetho kaMasipala.
- (5) Ekunyanzeliseni okanye ekuphandeni kokuthotyelwa kwalo Mthetho kaMasipala, igosa eligunyazisiweyo -
- (a) lingakhatshwa yitoliki, igosa lasebupoliseni okanye naye nawuphina omnye umntu apho anganakho ukuncedisa nohlolo;
 - (b) lingahlola naliphina isoloty a/i-atikile engafaneleka kuphando/kuhlolo olo;
 - (c) lingaphonononga, ahlaluty e, enze umlinganiselo okanye enze ikopi lesoloty a kwaye alisuse ukuze livavanywe, lihlahlutywe, kwenziwe imilinganiselo, kufotokotshwe okanye kwenziwe ucaphulo;
 - (d) Lingafuna umntu lowo abonakalise okanye anikezele ngelo xesha nakwindawo njengoko eyakuthi igqitywe ligosa eligunyazisiweyo, i-atikile leyo ukubaihlolwe;

- (e) lingathabatha ifoto okanye lenze urekhodisho olumanyelwayo nolubonakalayo lwaye nawuphina umntu okanye nayo naphina into e[phantsi kophando lwakhe;
- (f) Lingabuza umntu apho ngokoluvo lwegosa eligunyazisiweyo, anganakho ukuza nengcaciso ejoliswe kumbandela apho lo Mthetho kaMasipala onxulumene nako;
- (g) Lingayalela umntu lowo ukuba avele phambi kwakhe ngelo xesha nendawo apho ingagqitywa ligosa eligunyazisiweyo kwaye lihlabe imibuzo loo mntu, kusenokuba eyedwa okanye phambi komnye umntu ngokujoliswe kumbandela apho lo Mthetho kaMasipala onxulumene nako; kwakhona
- (h) Athabathe i-atikile -
- (i) Apho enxulumene okanye ithi ngezizathi ezivakalayo kukholelwa ekubeni kunxulumene nokwaphulwa lo Mthetho kamasipala;
- (ii) Apho kungeziwa nobungqina bolwaphulo olo ngokwalo Mthetho kaMasipala; okanye
- (iii) Apho enxulumene okanye ithi ngezizathi ezivakalayo kukholelwa ekubeni kunxulumene nokwaphulwa lo Mthetho kamasipala;
- (6) Umntu apho ngokwesicelo, ukuba kunokwenzeka, enze ikopi ye-atikile ekufuneka isusiwe okanye ivalelwe ngokungqinelana neli candelo.
- (7) Xa igosa eligunyazisiweyo lisusa okanye livalela i-atikile, igosa elo ligunyazisiweyo likhupe irisithi ejoliswe kumnini okanye kumntu lowo ulawulayo, kwaye ukuba kunokwenzeka, abuyise i-atikile kwangoko kunokwenzeka emva kokuba kufezekiswe injongo yayo apho i-atikile le ibiye yasuswa okanye yavalelwa.
- (8) Igosa ligunyazisiweyo kufuneka kufuneka lisebenzise amagunya nemisebenzi ngobuchule nangobunono kwaye nangokujoliswe kumalungelo omntu ngamnye amalunga nesidima, inkululeko, ukhuseleko nobumfihlo.
- (9) Nangona kuthathelwa ingqalelo imimiselo yalo Mthetho kaMasipala, nangokuxhomekeke kuwo nawuphina omnye umthetho ofanelekileyo, igosa eligunyazisiweyo -
- (a) Lingamisela, liqhube okanye lisebenzise naso nasiphina isithuthi okanye iphenyane kuyo nayiphina indawo enamanzi yezolonwabo okanye kuyo nayiphina indawo yezolondolozo lwendalo ngenjongo yokubonelela inkonzo ngexesha likaxakeka, eyohlangulo okanye eyothutho, ukuze abonelele

ngenkonzo kamasipala ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwalo Mthetho kaMasipala okanye ngokwenjongo yokuqhuba uphando, ukubek'iliso okanye ukuqhuba uvavanyo;

(b) Lingenza nantoni na kwindawo yezolondolozo lwendalo esebenzisa igunya lomthetho okanye uxanduva; kwakhona

(c) Kuyo nayiphina indawo yezolondolozo lwendalo, asebenzise iindlela ezinesithintelo zokuloba, ukuzingela isilwanyana kwaye aqokelele uluhlu lwendalo yokuphilayo ukuze asuse, alwule okanye aqokelele ulwwazi elingolawulo, ukubek'iliso nophando lwezo zinto ziphilayo xa efezikisa umsebenzi wawo.

41. Isaziso sokuthobela umthetho

(1) Igosa eligunyazisiweyo linganikezela isaziso esibhaliweyo sokuthobela umthetho kumntu lowo ukuba kukho izizathu ezivakalayo apho kukholelwa ukuba umntu lowo waphule lo Mthetho kaMasipala.

Isaziso sokuthobela kufuneka -

- (a) Sicacise indlela yokuziphatha leyo engokophula lo Mthetho kaMasipala;
- (b) Sibonakalise ukuba ngowuphina ummiselo walo Mthetho kaMasipala okanye umqathango ophunyeziweyo apho othe wophulwa;
- (c) Apho kufanelekileyo, avakalise ukuba indlela yokuziphatha engekho-mthethweni iquathe ulwaphulo-mthetho kwaye abonakalise isohlwayo;
- (d) Apho kufanelekileyo, sikhutshwe kunye nesohlwayo;
- (e) Siyalele umntu lowo ukuba ayeke indlela yokuziphatha engekho-mthethweni;
- (f) Apho kufanelekileyo, sinyanzelise imiqathango apho ekufaneleke ukuba ithotyelwe kwaye sibalule amanyathelo ekufaneleke ukuba athatyathwe ukuthobela;
- (g) Sivakalise ukuba ukusilela kokuthobela esi saziso oko kuquathe ulwaphulo-mthetho kwaye kubonakaliswe isohlwayo; kwakhona
- (h) Sivakalise ukuba xa kuthe akwathotyelwa isaziso esi, iSixeko siyakuthi sithabathe elinye okanye lamanyathelo alandelayo -
 - (i) Sikhuphele umntu lowo isohlwayo sokungathobeli isaziso esi sokuthobela;

- (ii) Sithabathe amanyathelo okulungisa nayiphina impembelelo ebingunobangela wenyathelo lomntu lowo kwaye sibuyise indleko zoko kuloo mntu;
- (iii) Senze isicelo kwinkundla efanelekileyo ngocedo olufanelekileyo kuquka iindleko zesicelo; okanye
- (iv) Singenise isimangalo sokutshutshiswa ngokwaphula umthetho.

Isaziso sokuthobela umthetho kufuneka -

- (i) Siyalele umntu lowo ngokwexesha elibalulweyo, ngokubhaliweyo sazise iSixeko ukuba ngawaphi na amanyathelo athe athatyathwa ukuthobela isaziso;
 - (j) Siyalele umntu lowo ngokwendleko zakhe ukuba athabathe inyathelo apho liyakuthi lanelise iSixeko, ngokwexesha elibalulweyo, ukuba -
 - (i) Ayeke, alungise okanye alawule umsebenzi ongunobangela wokuqhubeka okanye oligalelo kokungalunganga kwindawo yezolondolozo lwendalo,
 - (ii) aphande, aphonononge kwaye avavanye impembelelo yaloo meko ithile okanye isenzo kwaye emva koko anikezele ingxelo;
 - (iii) Aqhube kwaye aqakumbele amanyathelo athile;
 - (iv) Achonge okanye asuse umqobo okanye isakheko eso singagunyaziswanga;
 - (v) Avuselele ngokutsha imeko leyo ichaphazelekayo; okanye
 - (vi) Nayo nayiphina indibaniselwano yemimiselo edweliswe kwimihlathi (i) ukuya ku-(v).
- (2) Ukuba umntu lowo apho ethe wakhutshelwa isaziso sokuthobela esiphantsi kwecandelwana (1), athi asilele ekuthobeleni okanye athobele ngokungagqibelelanga ngokujoliswe kwisaziso sokuthobela okanye ugunyaziso, ke ngoko iSixeko singathabatha amanyathelo apho iSixeko sibona ukuba afanelekile okulungisa imeko kwaye singagunyaziso omnye umntu ukuba athabathe loo manyathelo.
- (3) ISixeko singazibuyisela iindleko kwiSixeko okanye lowo ugunyazisiweyo, ukuba kuthatyathwe amanyathelo aphantsi kwecandelwana (2), kwaye zonke

iindleko ezithe zachithwa ngenxa yokusebenza phantsi kwecandelwana (2), kuye nakubani na okanye kubo bonke abo bantu bebethe bakhutshelwa isaziso sokuthobela okanye ugunyaziso olwathi lwakhutshwa ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo ongoLawulo lweZikweliti nokuQokelelwa kwamaTyala nangokoMthetho kaMasipala ongoLawulo lweZikweliti nokuQokelelw kwamaTyala.

42. Ukuthinjwa kwamaphenyane, izithuthi, izinto okanye iimpahla

- (1) Igosa eligunyazisiweyo lingakhange libenesigunyaziso sokubamba, lingathatha kwaye lithimbe iphenyane, isithuthi, izinto okanye iimpahla apho kunxulumene noko okanye apho kukho izizathu ezivakalayo ukuba kunxulumene noko, kukhatshwa ngumyalelo wesohlwayo, ngokungqinelana nalo Mthetho kaMasipala.
- (2) Igosa eligunyazisiweyo, ngexesha lokuthimba, kufuneka linike umnini lowo uthinjelweyo wephenyane, isithuthi, izinto okanye iimpahla isaziso sokuthimba apho siqulunqe -
 - (a) Isizathu sokuthimba;
 - (b) Inkcazelo yephenyane okanye isithuthi eso sithinjiweyo;
 - (c) Idilesi neenkukacha zoqhagamshelwano zendawo leyo igcine ezonto zithinjiweyo,
 - (d) Umrhumo wokuhlawula oko kuthinjiweyo; kwakhona
 - (e) Isilumkiso sokuba iphenyane okanye isithuthi eso sithinjiweyo sisenokuthengiswa ukubuyisa indleko ezingumrhumo wokuthimba kunye nayo nasiphina isohlwayo, iindleko okanye umonakalo.
- (3) Igosa eligunyazisiweyo kufuneka liqinisekise ukuba iphenyane okanye isithuthi eso sithinjiweyo sithi sisiwe kwindawo yokugcinwa kwezinto ezithinjiweyo kwaye kufuneka zigcinwe kwakhona kujongwane nazo, ngokungqinelana neli candelo.
- (4) ISixeko kufuneka sikhulule iphenyane, isithuthi, izinto kanye iimpahla ezithinjiweyo sizikhululele kumnini emva kokuba eye wagqithisa ubungqina bobunini ukuba kunxulumene nesohlwayo esibonakaliswe kwicandelwana-1 -
 - (a) Akusayi kumiselwa isigunyaziso solwaphulo-mthetho okanye isohlwayo okanye isaziso senjongo yokutshutshiswa sithi sikhutshwe ngokweeyure ezingama-72 zokuthinjwa; okanye
 - (b) Ityala lolwaphulo-mthetho elijoliswe kubo bonke abatyholwa lithi lirhoxiswe ngenxa yokuba -
 - (i) Amatyalala lawo athe arhoxiswa;

- (ii) Abo bantu bangabatyholwa baye bakhululwa; okanye
 - (iii) Abo batyholwayo bathe bagwetywa kwakhona kusenokwenzeka ukuba kuye kwahlawulwa umrhumo wokuthinjwa kwakhona nawo kwaye kwahlawulwa nasiphina isohlwayo, iindleko nomonakalo.
- (5) Iphenyane, isithuthi, izinto okanye iimpahala ezithinjiweyo zithi ziphelele/zinikezelwe kwiSixeko kwaye zibeyipropati yaso, ukuba -
- (a) Inkundla ithi iyalele olo nikezelo; okanye
 - (b) Umnini ngokomthetho welo phenyane, isithuthi, izinto okanye iimpahla ezo azinakho ukuba kufumaneka umnini wazo kwiintsuku ezingama-90 zelo thinjo emva kokuba kwenziwe iinzame zokuphanda umnini ezo ziye azaphumelela.
- (6) Ukuba nayo nayiphina intllawulo ebonakaliswe kwicandelwana (4)(b)(iii) ithe ayenziwa ngelo xesha njengoko kuyakuthi kugqitywe siSixeko kwaye ukuba akuthanga kwangeniswa isibheni emva kokuba kuphelelwe ixesha elimiselweyo lesibheni, iSixeko siyakuthi sithengise iphenyane, isithuthi, izinto okanye iimpahla ezithinjiweyo kwaye sijongane nayo nayiphina ingeniso, ngokungqinelana necandelwana-7.
- (7) Nayiphina ingeniso esusela ekuthengisweni kwephenyane, isithuthi, izinto okanye iimpahla ezithinjiweyo, kufuneka isetyenziswe ngokufanelekileyo kwaye ngale ndlela ilandelayo:
- (a) Kufumaneka iindleko ezithe zachithwa siSixeko ngexesha lonikeelo nothinjo;
 - (b) Ukuhlawulwa komrhumo ongothinjo kunye nasiphina isohlwayo, iindleko okanye umonakalo othe wayalelwa yinkundla ngokunxulumene nolwaphulo-mthetho ekubonakaliswe kwicandelwana-1; kwakhona
 - (c) Ibuyiselwe kumntu lowo ebengumnini ngokusemthethweni wephenyane, isithuthi, izinto okanye iimpahla ngexesha lothinjo, ngphandle kokuba iphenyane, isithuthi, izinto oanye iimpahla ezo ziye zanikezelwa kwiSixeko.
- (8) ISixeko sisenokuthabatha isigqibo ngokumalunga nomrhumo ongokuthimba kwaye simisele isohlwayo esibonakaliswe kweli candelo.

ISAHLUKO 9

IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO NEZOHLWAYO

43. Izenzo zolwaphulo-mthetho

- (1) Nawuphi umntu othe -
- (a) Wophula ummiselo walo Mthetho kaMasipala;

- (b) Wophula nayiphina imiqathango, izithintelo okanye imimiselo enyanzeliswe ngokwalo Mthetho kaMasipala;
- Wasilela ukuthobela imiqathango yaso nasiphina isaziso okanye isalathiso esidandalaziswe ngokwalo Mthetho kaMasipala;
- (d) Wophula umyalelo osemthethweni othe wanikezelwa ligosa eligunayzisiweyo ngokwalo Mthetho kaMasipala;
- (e) Wenza izoyikiso, wangumqobo, walibazisa okanye wasebenzisa intetho erhabaxa ejoliswe kwigosa eligunayzisiweyo okanye kumntu lowo ukhapha ngokusemthethweni igosa eligunayzisiweyo, ukuba asebenzise igunya alinikezelwleyo, ngokungqinelana nalo Mthetho kaMasipala;
- (f) Xa ebizwe ligosa eligunayzisiweyo ukuba eze nengcaciso, athi ke eze nengcaciso yobuxoki okanye elahlekisayo; okanye
- (g) Azenze ngobuxoki okanye enze umsebenzi ezenza igosa eligunayzisiweyo okanye umntu ogunayzisiweyo ukuba asebenze egameni leSixeko saseKapa, ngokwalo Mthetho kaMasipala;
- wophula umthetho.

44. Izohlwayo

Nabani othe wenza isenzo solwaphulo-mthetho njengoko kubonakaliswe kwicandelo-43, lowo uyakuthi ohlwaye okanye afunyaniswe enetyala lokuvallelwa entoolongweni isithuba esingadlulanga kwiminyaka emibini okanye avalelwe entolongweni kungabikho ummiselo wokuba ahlawyule umrhumo wesohlwayo okanye zombini – umrhumo nokuvallelwa entolongweni.

- (2) Kwakhona kunyanzeliswe umrhumo okanye uvalelwe entolongweni, inkundla ingayalela nawuphina umntu ogwetyiweyo, ngokungqinelana nalo Mthetho kaMasipala -
- (a) Alungise umonakalo othe wenzeka;
- (b) Anikezele kwiSixeko iphenyane okanye isithuthi eso sithinjweyo, ngokungqinelana necandelo-42.
- (c) Ahlawule iindleko ezithe zachithwa siSixeko ngenxa yeso senzo solwaphulo-mthetho; kwakhona

- (d) Ahlawule umonakalo othe wayinkathazo komnye umntu okanye kwipropati ekwindawo yezolondolozo lwendalo apho umyalelo uyakuthi ubenesinyanzeliso nangokwempembelelo yenkundla yoluntu.
- (3) ISixeko singamalela nawuphina umntu othe wasilela ukuthobela nayiphina imimiselo yalo Mthetho kaMasipala ukuba angene nakweyiphina indawo yezolondolozo lwendalo ngokwexesha elithile elithe lamiselwa.
- (4) ISixeko singamalela nawuphina umntu othe wasilela ukuthobela nayiphina imimiselo yalo Mthetho kaMasipala ukuba angene nakweyiphina indawo yezolondolozo lwendalo ngokwexesha elithile elithe lamiselwa.
- (5) Isalelo eso esithe sanyenzeliswa ngokwecandelwana-(3) nele-(3) kufuneka sincitshiswe ngokubhalwa kwaye sinikezelwe kumntu lowo okanye umnini welo phenyane okanye wesithuthi eso.
- (6) ISixeko kufuneka sinikezele umntu lowo ukhankanywe ngentla apha, isaziso esibhaliweyo esicacisa isizathu sokumalela, ngokungqinelana necandelo-44 (3). Loo mntu uneentsuku ezisi-7 ukuba eze nezizathu zokuba kutheni na iSixeko ukuba singamaleli loo mntu.
- (7) Umntu lowo othe walelwa ngokwamcandelwana-(3) no-(4) ngentla apha, angenza iingxelo-zinkcaza ezibhaliweyo ezijoliswe kwiCandelo loLawulo lokuSingqongileyo ezijoliswe kwisizathu sokuba kutheni na isalelo esi ekufuneka sipheliswe okanye sicuthwe ubude kangangeeyure ezingama-48 ukususela kumhla wokufumaneka kwaso.

45. Izibhenzo

Nawuphina umntu angenza izibhenzo esichasene nesigqibo sabezolawulo esigqitywe ligosa eligunyazisiweyo, ngokungqinelana nalo Mthetho kaMasipala nangokwecandelo-62 loMthetho wobuRhulumnete boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango-2000.

46. Ugunyaziso

Umsebenzi, igunya okanye uxanduva elinikezelwe iSixeko ngokwalo Mthetho kaMasipala, linganikezelwa okanye linikezelwe kongezantsi ngokujoliswe kumqeshwa weSixeko, ngokungqinelana nenkqubo engezigunyaziso eymiselwa liBhunga likaMasipala weSixeko, ngokungqinelana necandelo-59 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango-2000.

47. Imbuyekezo

ISixeko namagosa agunyazisiweyo awanaxanduva lwako nakuphina okuthe kwalahleka okanye konakala okwenziwe kumntu ngesenzo okanye ngokokukhutshwa ngezizathu zobulungisa ngokujoliswe ekusetyenzisweni kwamagunya aphantsi kwalo Mthetho kaMasipala, ngaphandle kokuba kuthi kuziwe nobungqina bokungakhathali.

48. Itayitile emfutshane nokuqalisa kokusebenza

Lo Mthetho ubizwa ngokuba nguMthetho kaMasipala woLondolozo lweNdalo weSixeko saseKapa, 2020 kwaye uqalisa ukusebenza emva kokuba umiselwe kwiGazethi yePhondo.



- 1 Stay on boardwalk
- 2 Stay on pathways
- 3 Hiking / Walking
- 4 Guided walk
- 5 Trail running
- 6 Scenic views
- 7 Pathway
- 8 Dog free running area
- 9 Dogs on leash
- 10 No dogs allowed
- 11 Poop scoop area
- 12 No driftlines
- 13 Bag limits
- 14 Size limits
- 15 Beware of falling branches



- 19 Fires in demarcated areas
- 20 Braais allowed
- 21 No fires
- 22 No fires or gas braais
- 23 No overnighting
- 24 No alcohol
- 25 No firearms
- 26 No hunting
- 27 No dumping
- 28 No sand-mining
- 29 No music
- 30 Playground
- 31 No smoking
- 32 Do not leave valuables in vehicle
- 33 Safeguard valuables



- 37 Fishing
- 38 Fishing with permit only
- 39 No fishing
- 40 No treble hooks
- 41 No fishing off bridges
- 42 No fishing at night
- 43 No fishing with nets
- 44 No prawn pumping
- 45 No bait collection
- 46 No use of live bait
- 47 No lobster fishing
- 48 Conservation office
- 49 Beach
- 50 No boats of any kind allowed
- 51 Wind surfing



- 55 Restrooms
- 56 Female restroom
- 57 Male restroom
- 58 Restaurant
- 59 Picnic area
- 60 Use litterbins
- 61 Bin free area Do not litter
- 62 Education facilities
- 63 Overnight education facilities
- 64 Accommodation
- 65 Permit needed
- 66 Beware of snakes
- 67 Kite surfing
- 68 No kite surfing
- 69 No mooring of vessels



- 73 Wheelchair access
- 74 Parking
- 75 Visitors parking
- 76 No parking
- 77 Information
- 78 Speed limit
- 79 No access
- 80 No vehicles
- 81 No off-road vehicles
- 82 No mountain bikes
- 83 No driving on sand dunes
- 84 Canoeing allowed
- 85 No canoeing
- 86 Jet skis prohibited
- 87 No water skiing






















- 91 Swimming allowed
- 92 Swimming is dangerous
- 93 No swimming
- 94 Windsurfing
- 95 Water skiing
- 96 Boat launch
- 97 Motorboating
- 98 Sailing
- 99 No sailing
- 100 Natural pool
- 101 Boma
- 102 Power boats allowed
- 103 No power boats
- 104 Electric boats allowed
- 105 No electric boats



- 109 Do not pick flora
- 110 Useful plants
- 111 Unique vegetation
- 112 Nature appreciation
- 113 Do not damage fauna or flora
- 114 General fauna
- 115 Bird viewing
- 116 Birdhide
- 117 Do not feed the animals
- 118 Photos allowed
- 119 Discovery trail
- 120 Whale watching
- 121 Horse riding
- 122 Camping
- 123 4 X 4

ISIHLOMELLO A

	16 Restaurant		34 Cafe		52 Coffee shop		70 Gift shop		88 No defecating		106 Water bottle		124 Cellphone
	17 No camping		35 Administration office		53 Play area		71 Canon		89 Nature garden		107 Sun hat		
	18 No hiking/walking		36 No lighting match/fires		54 Safety boots		72 Safety gloves		90 Unique fauna and flora		108 Tortoise		

NO.	INTERPRETATION OF SYMBOL	BETEKENIS VAN SIMBOOL	INTSINGISELO YOMQONDISO
1	Stay on boardwalk	Bly op plankpad	Hamba kwibhulorho yabahambi ngeenyawo
2	Stay on pathways	Bly op voetpaaie	Hamba kwiindlelana zenyawo
3	Hiking / walking	Staproete	Kuyahayikwa/kuyahanjwa
4	Guided walk	Begeleide staproete	Uhambo olukhokhelwayo
5	Trail running	Drafroete	Umzila wokubaleka
6	Scenic views	Mooi uitsig	Umbono obukekayo
7	Pathway	Voetpad	Indlela yeenyawo
8	Dog free-running area	Gebied vir loslopende honde	Ummandla wokubaleka izinja ezingabotshelelwanga
9	Dogs on leash	Honde aan leiband	Izinja ezibotshelelwayo
10	No dogs allowed	Geen honde toegelaat nie	Azivumelekanga izinja
11	Poop scoop area	Bollieskoppie-gebied	Ummandla wokukha ilindle lezinja
12	No driftlines	Dryflyne verbode	Azikho iintambo zokuloba
13	Bag limits	Sakbeperkings	Imida yengxowa
14	Size limits	Groottebeperkings	Ubukhulu bomda
15	Beware of falling branches	Pasop vir vallende takke	Lumkela amasebe awayo
16	Restaurant	Restaurant	Irestyurenti
17	No camping	Kamp verbode	Akuvumelekanga ukukhempisha
18	No hiking/walking	Stap verbode	Akuhayikwa/akahanjwa
19	Fires in demarcated areas	Vuurmaak in afgebakende gebiede	Imililo kwimimandla ekhethiweyo
20	Braais allowed	Braaiers toegelaat	Ukoja kuvumelekile
21	No fires	Vuurmaak verbode	Akubaswa mililo
22	No fires or gas braais	Vuurmaak en gasbraaiers verbode	Akubaswa mililo okanye iizitovu zerhasi
23	No overnighting	Oornagverblyf verbode	Akulalwa
24	No alcohol	Alkohol verbode	Akuselwa tywala
25	No firearms	Vuurwapens verbode	Imipu ayivumelekanga
26	No hunting	Jag verbode	Akuzingelwa
27	No dumping	Afvalstorting verbode	Akulahlwa nkunkuma
28	No sand-mining	Sandmynery verbode	Akwembiwa santi
29	No music	Musiek verbode	Awuvumelekanga umculo
30	Playground	Speelgrond	Indawo yokudlala/ibala lokudlala
31	No smoking	Rook verbode	Akutshaywa
32	Do not leave valuables in vehicle	Moenie kosbare items in voertuig los nie	Musa ukushiya izinto zexabiso emotweni
33	Safeguard valuables	Beveilig kosbare items	Zigade izinto ezixabisekileyo
34	Café	Kafee	Ikhefi
35	Administration office	Administrasiekantoor	I-ofisi yolawu
36	No lighting matches / fires	Vuurmaak / aansteek van vuurhoutjies verbode	Akulayitwa imatshisi / imililo
37	Fishing	Hengel	Ukuloba
38	Fishing with permit only	Hengel slegs met permit	Kulotywa ngemvume kuphela
39	No fishing	Hengel verbode	Akulotywa
40	No treble hooks	Drie-angelhoeke verbode	Akukho magwegwe okuloba
41	No fishing off bridges	Hengel van brug af verbode	Akulotywa ngakwiibhlorho
42	No fishing at night	Hengel snags verbode	Akulotywa ebusuku
43	No fishing with nets	Hengel met nette verbode	Akulotywa ngeminatha
44	No prawn pumping	Pomp van garnale verbode	Akuvumelekanga ukumpontshwa kweeprawn

45	No bait collection	Uithaal van aas verbode	Akubheyithwa
46	No use of live bait	Gebruik van lewende aas verbode	Akusetyenziswa izinto eziphilayo xa uloba
47	No lobster fishing	Uithaal van kreef verbode	Akulotywa zilobster
48	Conservation office	Bewaringskantoor	I-ofisi yolondolozo
49	Beach	Strand	Ulwandle
50	No boats of any kind allowed	Alle soorte bote verbode	Akuvumelekanga naluphi na uhlobo lwesikhephe
51	Windsurfing	Seilplankry	Ukusefa
52	Coffee shop	Koffiewinkel	Ivenkile yekofu
53	Play area	Speelarea	Ummandla wokudlala
54	Safety boots	Veiligheidstewels	libhutsi zokhuseleko
55	Restrooms	Kleedkamers	Amagumbi angasese
56	Female restroom	Kleedkamer vir vroue	Igumbi langasese labasetyhini
57	Male restroom	Kleedkamer vir mans	Igumbi langasese lamadoda
58	Restaurant	Restaurant	Irestyurenti
59	Picnic area	Piekniekgebied	Ummandla wepiknikhi
60	Use litterbins	Gebruik vullisdromme	Sebenzisa imigqomo yenkunkuma
61	Bin free area. Do not litter	Dromlose gebied. Rommelstrooiery verbode	Ummandla wemigqomo. Musa ukulahla phantsi inkunkuma
62	Education facilities	Opvoedingsfasiliteite	Amaziko emfundo
63	Overnight education facilities	Oornag-opvoedingsfasiliteite	Amaziko emfundo asebusuku
64	Accommodation	Verblyf	Indawo yokuhlala
65	Permit needed	Permit benodig	Imvume iyafuneka
66	Beware of snakes	Pasop vir slange	Lumkela iinyoka
67	Kite surfing	Vlieërski	Ukubhajiswa kweekayiti
68	No kite surfing	Vlieërski verbode	Akubhajiswa iikayiti
69	No mooring of vessels	Vasmeer van vaartuie verbode	Akuvumelekanga ukubotshelwa kweenqanawa
70	Gift shop	Geskenkwinkel	Ivenkile yezipho
71	Cannon	Kanon	Inkanunu
72	Safety gloves	Veiligheidshandskoene	Igloves zokuzikhusela
73	Wheelchair access	Rolstoeltoegang	Indawo yokungena abakhubazekileyo
74	Parking	Parkering	Ipaki
75	Visitors parking	Besoekersparkering	Ipaki yendwendwe
76	No parking	Parkering verbode	Akupakwa
77	Information	Inligting	Iinkcukacha
78	Speed limit	Spoedbeperking	Isantya somgaqo
79	No access	Geen toegang nie	Akungenwa
80	No vehicles	Voertuie verbode	Azivumelekanga izithuthi
81	No off-road vehicles	Veldvoertuie verbode	Azivumelekanga izithuthi ezinkulu (off-road vehicles)
82	No mountain bikes	Bergfietse verbode	Azivumelekanga iibhayisekile ezihamba ezintabeni
83	No driving on sand dunes	Bestuur op sandduine verbode	Akuqhutywa kwiingqumba zesanti
84	Canoeing allowed	Kanovaart toegelaat	Kuvumelekile ukuhamba ngephenyane
85	No canoeing	Kanovaart verbode	Akuvumelekanga ukuhamba ngephenyane
86	Jet skis prohibited	Waterponies verbode	Azivumelekanga izithuthuthu zokudlala emanzini
87	No water skiing	Waterski verbode	Akuvumelekanga ukutyibiliza emanzini
88	No defecating	Ontlasting verbode	Akuvumelekanga ukuzithuma

89	Nature garden	Natuurtuin	Igadi yotyani
90	Unique flora and fauna	Unieke flora en fauna	Izityalo kunye nezilwanyana ezizodwa
91	Swimming allowed	Swem toegelaat	Kuvumelekile ukuqubha
92	Swimming is dangerous	Gevaarlike swemgebied	Kuyingozi ukuqubha
93	No swimming	Swem verbode	Akuqujwa
94	Windsurfing	Seilplankry	Ukusefa
95	Water skiing	Waterski	Umdlalo wokutyibiliza emanzini
96	Boat launch	Boot-tewaterlating	Ukuphehlelelwa kwezikhephe
97	Motor boating	Motorbootry	Ukuqhuba isikhephe
98	Sailing	Seiljagry	Ukuhamba ngenqanawa
99	No sailing	Seiljagry verbode	Akuhanjwa ngenqanawa
100	Natural pool	Natuurpoel	Ipuli eyenziwe ngendalo yokusingqongileyo
101	Boma	Boma	Ibhoma
102	Power boats allowed	Kragbote toegelaat	Izikhephe ezinesantya esiphezulu zivumelekile
103	No power boats	Kragbote verbode	Azivumelekanga izikhephe ezinesantya esiphezulu
104	Electric boats allowed	Elektriese bote toegelaat	Zivumelekile izikhephe zombane
105	No electric boats	Elektriese bote verbode	Azivumelekanga izikhephe zombane
106	Water bottle	Waterbottel	Ibhotile yamanzi
107	Sun hat	Sonhoed	Isigqoko selanga
108	Tortoises	Skilpaaie	Ufudo
109	Do not pick flora	Moenie flora pluk nie	Musa ukuzithatha izityalo
110	Useful plants	Nuttige plante	Izityalo ezibalulekileyo
111	Unique vegetation	Unieke plantegroei	Izityalo ezahlukileyo
112	Nature appreciation	Natuurwaardering	Ukuxabisa indalo
113	Do not damage fauna or flora	Moenie fauna of flora beskadig nie	Musa ukuzimoshisa izilwanyana okanye izityalo
114	General fauna	Algemene fauna	Izilwanyana ezizintlobo zonke
115	Bird viewing	Voëlkyk	Ukubukela iintaka
116	Bird hide	Voëlskuiling	Indlwana yokubukela iintaka
117	Do not feed the animals	Moenie diere voer nie	Musa ukutyisa izilwanyana
118	Photos allowed	Foto's toegelaat	Ifoto zivumelekile
119	Discovery trail	Ontdekkingsroete	Ukufunyanwa komkhondo
120	Whale watching	Walviskyk	Ukubukela umnenga
121	Horse riding	Perdry	Ukukhwela ihashe
122	Camping	Kampering	Ukumisa inkampu
123	4x4	4x4	4x4
124	Cellphone	Selfoon	Iselula